


INGABA UTHIXO UKHE AYIGUQULE INGQONDO YAKHE NGELIZWI LAKHE?

 Masithobiseni iintloko zethu. Nkosi Yesu Othandekayo, sihlanganisene kwakhona eGameni Lakho, ngolindelo olukhulu lokuthululwa kwaMandla adlisa ubomi kaThixo ukusizisa ekuqapheleni isikhundla sethu kunye nendawo, kunye namaxanduva ethu, njengabantu ababiziweyo, bohluwa kulo ihlabathi, benikelwe kuThixo. Siphe, Nkosi, ngobubusuku, ukuba iintsikelelo zikaThixo ziyakusikhokela kwaye zisikhokelele kwizinto esizenzayo okanye esizithethayo, ukuze izise imbeko nozuko kwiGama Lakho. Amen.

² Ndiyakuvuyela ukubuyela enkonzweni ngobu busuku nokuba kunye nani bantu abathandekayo. Kwaye ndiyazi ukuba kufudumele, kodwa nje ndiye ndatsalela umfazi wam umxeba, ndicinga ukuba ngamashumi alithoba anento phaya, amashumi alithoba anesihlanu okanye amashumi alithoba anesithandathu okanye okuthile, kwaye kubushushu kancinci kunokuba kunjalo apha. Ke sendibuyiqhela imozulu eshushu ngoku. Ke, kodwa ndivuya kakhulu ukuba lapha emnqubeni ngeli xesha limangalisayo lePasika.

³ Kwaye andinakuthi ndiyaxolisa ngenxa yalo mde, mde uMyalezo ngale ntsasa, kodwa ndi...Ibiyi, bendingafuni—funi ukuphelisa umonde wenu ukuze nize kuyo kwakhona ngokuhlwanje. Kodwa be—bendifuna uku—ukuzisa laa Myalezo kuni, ukuba niyinxalenye yolu vuko. Yabona? Kwaye ungakhathazeki malunga naWo, kwakhona, yabona. Yibani nje nemihlali ngaWo! Akukho nto, naphina, inokukwahlula ukusuka kuWo; akukho nto; ukhuseleke ngonaPhakade ebuKumkanini bukaThixo. Xana uThixo egximfize iTywina Lakhe phezu kwakho, ubekelwe ude ufikelele esiphelweni.

⁴ Xana urhulumente ebeka itywina phezu komthwalo, umzila kaloliwe ubeka itywina emnyango, laa moto ayinakuphazanyiswa ide ifikelele kwindawo eyakuyo.

Xana uThixo ebeka iTywina Lakhe phezu komntu, kwaye iTywina nguMoya oyiNgcwele, xana Etywina umntu ngolo hlobo, umkile ukuya kwindawo yakhe kaNaphakade. Akasayi kuze aphinde, nanini abuyele umva, kwakhona. Kuba khumbula, kwabase-Efese 4:30 ithi, “Ningamenzi buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo, lowo nitywiniweyo ngaye kumaxesha

onke.” Yabona, utywinwe ngonaphakade. Utywiniwe, ngoNaphakade, ukungena ebuKumkanini bukaThixo, ngoMoya oyiNgcwele. Ngoku kucinge oko!

⁵ Ngoko, wena, umtyholi uya kukubetha kuwe, kwaye uya kuthetha yonke into kuwe, kwaye akumangalele, kwaye—kwaye azame ukukwenza ukuba ucinge ukuba awunto. Kodwa musa ukumphulaphula.

⁶ Ngoku, uyazi ukuba ugqithile ekufeni wangena eBomini. Uyazazi izinto owawudla ngokuzithanda, awusazithandi. Uyazi ukuba ulikholiwe lilonke iLizwi likaThixo. Nimbonile uThixo esebenza kanye phakathi kwethu, ngaphandle... Ubungqina obungenampazamo bokuba nguYe omkhulu “uNDINGUYE.” Niyiqaphele ukuba nantoni na ethethiweyo eGameni Lakhe, akukhange kuprofetwe nanye into eGameni Lakhe kuphela yenzeka kanye ngalendlela yenzeka ngayo. Nkqu nakwinzululwazi, iphephandaba, umfanekiso, iikhamera, ababhali, nayo yonke enye into, ibimelwe kukuyiqaphela. Yabona, kungakhathaliseki nokuba bayafuna okanye abafuni, uThixo ubenza bayenze, nakanjani na, yabona, ukuyenza yaziwe.

⁷ Ngoku, siliqela elincinane. Khumbulani, asiloqela likhulu Alizelayo. “Musani ukoyika, mhlambi omncinane; kukuthanda kukaYihlo...” Yabona?

⁸ Ndifuna ukunishiya nelizwi, elothusayo, nje ngaphambi kokuba sibe nokumisela umlungiseleli. Kwaye oku kuyothusa kakhulu, kodwa nje ukuba ubenokwazi. Ngoku, anditsho ukuba oku kokuchanekileyo ngokwenani, kodwa ndingathanda ukunishiya noku.

⁹ Andazi nokuba kukho nabaphi na abantu apha abakhe bakubona ukuxutyani swa kweenkomo. Ntoleyo, ndingakholelwayo kuyo, kodwa ndakhe ndayibukela isenziwa. Kwaye ndababona bethabatha imbewu yenkunzi, ngokwaneleyo nje, eyayinokuchukunyiswa kwintsimbi encinane, njengento encinane yokuvungula amazinyo, kwaye bayibeke phezu kweqhekeza lebhastile. Kwaye bajike ezo ndondo ziwakhulisayo, andazi ukuba ngamatyeli amangaphi na, inde laa mbewu... Apho wawungenakubona nto ngeliso lenyama, nayiphi na iglasi eqhelekileyo. Kodwa xana ikhulisiwe, amakhulu okanye amakhulu anamashumi amahlanu ngokuphindiweyo, ungabona kwela thontsi linye lincinane, lembewu yobudoda, mhlawumbi amashumi amahlanu ukuya kwikhulu loonojubalala benyubuzela bejikeleza. Kwakhona, kwimazi kuza amaqanda amaninzi, ngaphakathi—ngaphakathi kwembewu. Ngoku, xana zi—zihlanganiswa ndawonye, ngoku, ezimbini zokuqala ezihlanganayo kwaye zinxibelelane...

¹⁰ Linye kuphela kweso sigidi eliza kuphila. Ingaba ukhe wakucinga oko? Ziyimbewu yobudoda enye efanayo,

namaqanda afanayo, kokubini nje ngokufanayo, kodwa inye kuphela eya kuphila. Kwaye oko akumiselwanga ukuba nguwuphi oyakubetha phaya kuqala. Ngokuba, ngamanye amaxesha iqanda, emva phaya ngasemva, kwaye imbewu isenokuba phezulu embindini wembewu yobudoda, kwaye ziya kukhrubuluza enye ngaphezu kwenye. Kuthabatha Ubukrelekrele ukwazi ukuba iyakuba yinkwenkwe okanye intombazana, enentloko-ebomvu, enentloko-emnyama, okanye nantoni na engenye. Lunyulo lukaThixo. Ayiyikuba nayo nayiphi na engenye. Unyulo!

11 Nkqu nakuzalo lwendalo, lunyulo, ukuba iyakuba yinkwenkwe okanye intombazana, okanye nokuba yintoni na eyakubayiyo. Kwaye xana ela thontsi lobomi lijubulaza ukuya kweli qanda lincinane, kwaye imisila emincinane iyanqumka, iqale umnqonqo wosana wayo nantoni na esemva kwayo; isilwanyana, usana, okanye nokuba yintoni na. Kwaye zonke ezazigidi se... Isigidi samaqanda, izigidi zamathontsi obomi, kwaye linye kuphela elithi liphile. Konke kuyafana, kodwa uThixo ukhetha ngokonyulo lonto iyakuphila, kwaye abanye babo bayatshabalala. Mnye ukuphuma kwisigidi!

12 Xana uSirayeli washiya iYiputha, bonke bakholwa kumyalezo womprofeti omnye. Bayibona imiqondiso kaThixo, ngoMoses. Bonke ngamnye kubo bayibona. Kwaye ngabanye baphuma eYiputa, kwaye bahamba benqumla uLwandle oluBomvu, kwaye babhaptizelwa kuMoses. Elowo wawabona amandla kaThixo embetha, xana evuma ekuMoya; kwaye xana uMiriyam ebetha ingqongqo, ebaleka enyuka esihla ngonxweme. Ngamnye kubo, ubusuku ngabunye, adle entsha, imana yasezulwini evela esibhakabhakeni. Ngamnye kwabo basela kwela Liwa lomoya labethwayo. Kwaye phaya kwakukho izigidi ezibini zabantu abashiya iYiputa. Bangaphi abafikayo kwilizwe ledinga? Babini. Mnye kwisigidi! Baphi bebonke? uYesu wathi batshabalala. "Ooyihlo badla imana entlango, ithuba leminyaka emashumi mathathu, kwaye Ndithi kuni bonke bafile."

13 Ngoku kukho malunga namakhulu amahlanu ezigidi zamaKristu ehlabathini ngokuhlwanje, sibala amaKatolika, amaProtestanti, nabo bonke. Ukuba uYesu anganokuza kolwa Xwilo, ngokokwa lonto ndiyithethileyo, bekuyakubakho amakhulu amahlanu alahlekileyo ehlabathini ngokuhlwanje, kuXwilo. Kwaye mhlawumbi koko yonke imihla, kubalwa wonke amazwe, oko kungazange kwabalelwa. Ke kungaba nangaliphi na ixesha, yabona.

14 Owu, maKristu, masixhobeni isikrweqe sikaThixo. Masenzeni konke esikwaziyo ukukwenza, ukuMkhonza, ukuMthanda, kwaye silinde ela xesha likhulu.

15 Ngoku, akusayi kubakho zigidi zikhulu kwaye nezihlwele

eziyakuphuma kwisizukulwana kwaye zimatshe zingene. Akuna—akunakubakho.

Ngoku, khumbulani, usuku ngalunye luphelisa isizukulwana, usuku ngalunye. “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, ke kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu, apho imiphefumlo esibhozo yasindiswa ngamanzi.” Kodwa usuku ngalunye lugqiba isithuba seminyaka engamashumi amane kumntu othile, kwabanye. Yabona? Kwaye suku ngalunye, abaninzi kakhulu batywinelwa kude ebuKumkanini. Ngosuku olunye, usuku lokugqibela luya kufika.

Masiqiniseke ngoku, ngelixa sisekwingqondo yethu ephilileyo. Kwaye ebandleni, naphakathi kwabantu, apho uMoya oyiNgcwele ke uzibandakanyileyo ngoKwakhe nathi, masiqinisekeni ukuba yonke into ilungile, kwaye ihlala ilungile yonke, phambi Kwakhe.

¹⁶ Ungemi. Musa ukuphumla, imini nobusuku, ade laa Mandla adlisa ubomi akukhuphe ukusuka kwizinto zehlabathi, akungenise ebuKumkanini bukaThixo. Kwaye nina nizisiweyo ngenene kubuKumkani bukaThixo nadliswa ubomi ngoMoya kaThixo, luvuyo olungakanani! Ngeenyembezi zovuyo kumelwe sibesemadolweni ethu, imini nobusuku, simbulela uThixo ngento Ayenzileyo.

¹⁷ Ngokuhlwanje sinenguqu encinane kwinkonzo. Sinomzalwana olungileyo apha, uMzalwana uCapps. Uza kuthi ukusuka kwibandla lamaNazarene. Kwaye ndicinga ukuba oko kunjalo, Mzalwana uCapps? Unqwenela ngobu busuku ukumiselwa sithi, ngokubekwa izandla.

¹⁸ Asinamaphepha sinokuwanika nabani na, ukanti siyaqatshelwa nje... Singaba nawo amaphepha, kodwa siyakholwa ukuba owenene, umlungiseleli omiselweyo, amaphepha akhe aseZulwini. Yabona? Kwaye u—unamalungelo okushumayela iBhayibhile logama nje uThixo esabandakanya ubomi bakhe neBhayibhile. Siyakholwa ukuba ezo ziziqinisekiso zakhe.

¹⁹ Kwaye, ngoku, uMzalwana uCapps wamiselwa ngokusesikweni e—ebandleni lamaNazarene, kodwa ngokuhlwanje ufuna abadala, nokunjalo, babeke izandla phezu kwakhe ukwenzela ukumiselwa, ukuthwala lo Myalezo. Yinto ekhaliphe kanjani!

²⁰ Ndizi—ndizivile iingxelo ukusukela oko ndiseTucson, kwaye ziingxelo ezimangalisa kangakanani, zikaMzalwana uCapps apha ekuncedeni kwakhe uMzalwana wethu onenceba uNeville, obambe ikhandlela lokuKhanya kanye nje ngokukhalipha njengokuba la madoda mabini enokubamba. Sazibeka izandla phezu koMzalwana uNeville, kodwa hayi phezu koMzalwana uCapps. Kwaye ndifuna abo bangabalungiseleli, uMzalwana uJackson nabo, ukuba balapha, noMzalwana uRuddell kunye

nabadala bebandla apha, ukuba bangeza apha okwemizuzu embalwa nje ngoku, kwaye babeke izandla phezu koMzalwana uCapps. Kwaye i...

²¹ Ngoku sifumana, eBhayibhileni, ukuba leyo yindlela ababesenza ngayo, babebeka izandla phezu kwabo kwaye bababeke bucala ngoko. Kwaye yiloo ndlela abamenza ngayo uTimoti. Wathi, “Ngesi sibabalo sikuwe, sivela kumhakhulu uLois...” Babesiqaphela, ukuba kwakukho isibabalo kwindoda, sasize kuye ngabaveleli, ngokubekwa kwezandla.

²² Ngoku, abazalwana bemvula yosuku lwamva, bazalwana bemvula yosuku lwamva, bakufumene, nangona, oko kuxubene. Bacinga ukuba bamnike isibabalo, ngokwenza oko. Hayi, isibabalo sasisele sikuye, kwaye babeka nje izandla zabo phezu kwakhe njengesigunyaziso ukuba babekholwa ukuba uThixo wayesele ebeke isibabalo ngaphakathi kwakhe. Kwaye basigunyazisa, ngokubekwa kwezandla.

²³ Kwaye la madoda apha kweli bandla, endikholwayo ukuba abanjwe ngaMandla Akhe adlisa ubomi emphefumleni yawo; ukuba nina bazalwana ningeza nje ngoku, Mzalwana uRuddell nani nonke balapha ebandleni, kwaye nabadala noodade bamabandla angqongileyo, ukubeka izandla phezu koMzalwana uCapps, ukuze abe nokumiselwa ngokwethu ukugunyazisa, phambi kwesi sihlwele, kwaye ethunyelwa ukuya kushumayela iVangeli yeNkosi uYesu, naphi na apho uThixo enokumbizela khona. Uba...

Sele engomnye wethu, ngokuZalwa. Ungomnye wethu ngokuba ukholiwe nguMyalezo. Ungomnye wethu ngokuba kuba—kuba emele iNyaniso yeLizwi. Kwaye sifuna uMzalwana uCapps amiselwe ngokusesikweni, phambi kwenu, ngokubekwa izandla, ukuba ungomnye wethu.

Kulungile, Mzalwana uRuddell, Mzalwana uCapps, Mzalwana uNeville. UMzalwana uJunior Jackson, nabaphi na abanye abalungiseleli apha, andazi nje ukuba bangaphi na abakhoyo. Andi... ndiyaqikelela ukuba baneenkonzob ezizezabo ngokuhlwanje. Ke yizani kanye phezulu apha, Mzalwana uCapps.

Ngoku uphi uMzalwana uHunter nabanye abavela eNew York, ndi... Mzalwana u-Anthony? Ndiyaqikelela ukuba babuyele emva. [UMzalwana uNeville uthi, “Nankuya uMzalwana u-Anthony phaya emva.”—Mhl.]

Nabani na kuni abanye abalapha, abo banathi, kutheni, singakuvuyela ukuba ninyuke nize apha kwaye nime nathi ngoku, njengokuqaphela ukuba siyakholwa uMzalwana uCapps ukuba...

Bangaphi kuni apha abamaziyo uMzalwana uCapps? Phakamisa isandla sakho. Kulungile, thoba isandla sakho phantsi. Bangaphi abakholwayo ukuba ungumkhonzi kaThixo?

Phakamisani izandla zenu. Siyamthanda, njengomzalwana wethu.

²⁴ Ngoku le asiyondlela ichanekileyo kakuhle yento esinokuyibiza ngokumisela, kodwa ndifuna esi sihlwele, andikwazanga kulicula eli culo, kodwa ndifuna ukuba nindincele ndililinge.

²⁵ Ukuba ngenye imini umprofeti wehla waya esibingelelweni, etempileni. Kwaye ngeloxa wayelapho etempileni... Wayeyindoda elungileyo, kodwa wayehleli nje ezingalweni zika-Uziya ukumkani, kwaye wayeyi—wayeyindoda elungileyo. Kodwa nangona, ngenye imini, etempileni, wabona into ethile, xana wawela embonweni, awayengazange wawubona ngaphambili. Wabona iiNgelosi, zineempiko, zibhabhela emva naphambili, kuso isakhiwo, zikhwaza, “Ingcwele, ingcwele, ingcwele, iNkosi uThixo uSomandla!” (Yiza, mzalwana. Ehe. Yabona?) “Ingcwele, ingcwele, ingcwele, iNkosi uThixo uSomandla!” (Ben.)

²⁶ Kwaye xana ekwenza, iintsika zetempile zaphuma. Kwaye wathi, “Yeha ke mna! Kuba ndiyindoda emilebe iyingqambi.” EBukhoni bukaThixo waqaphela, ukuba nangona wayengumprofeti, wayengalunganga. Wathi, “Ndiyindoda emilebe iyingqambi, yaye ndihlala phakathi kwabantu abanemilebe eyinqambi.”

²⁷ Kwaye enye yeeNgolosi yabhabha, yaza yathabatha ilahle loMlilo kwaye yachukumisa imilebe yakhe, yaza yathi, “Profeta, nyana womntu!”

Ungasinika inowuthi koko, dade, ukuba uyathanda. Bangaphi abalaziyo eli culo? Makhe, umqolo ubemnye. Kulungile.

Xana ilahle loMlilo lachukumisa umprofeti,
Limenza abe nyulu njengoko anokuba nyulu
ngako,
Xana iZwi likaThixo lathi, “Ngubani na oya
kusiyela?”
Ngoko waphendula wathi, “Ndilapha, thuma
mna.”

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...
thetha, Nkosi yam,
Thetha, kwaye ndiya kukhawuleza
ukuKuphendula;
Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
Thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
thuma mna.”

Izigidi ngoku esonweni nasehlazweni ziyafa,
Phulaphula isikhalo sabo esilusizi nesikrakra;
Khawuleza, mzalwana, khawuleza
ubahlangule;

Khawuleza uphendule, “Nkosi, ndimlo apha.”
 Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiya kukhawuleza
 ukuKuphendula;
 Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
 thuma mna.”

Makhe amadoda amakhulu ngoku ajikeleze kwaye abeke izandla phezu koMzalwana uCapps. Masithobiseni iintloko zethu sonke.

²⁸ Thixo othandekayo, iintsika zetempile zibuye zashukuma kwakhona, nanjengokubona uMoya woBomi obudlisa ubomi usebenza kumzalwana wethu. Ndiyathandaza, Thixo, njengokuba esiva oku kuvela Phezulu, ukuba kuthi kumele ahambe. Sibeka izandla phezu kwakhe, njengamadoda amakhulu Wakho, Nkosi, kwaye simnika isandla sokunene sobudlelane; kwaye sibeka izandla zethu phezu kwakhe, kwaye sigqithisa iintsikelelo zikaThixo phezu kwakhe, ukuba Uthambise imilebe yakhe, ukucinga kwakhe, ubuntu bakhe bonke. Kwaye wanga angathabatha lo Myalezo weVangeli awuse kuzo zonke iintanda neembombo Oyakuthi umbizele kuzo. Siphe oko, Nkosi. SiKunika umzalwana wethu, njengesicaka Sakho, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

²⁹ “Shumayela iLizwi,” mzalwana wam osemntsha. “Yiba kwixesha, nangaphandle kwexesha; yohlwaya, khalimela, ngako konke ukuzeka kade umsindo nokufundisa.” UThixo akusikelele, mzalwana.

³⁰ [UMzalwana uBen Bryant uthi, “Mzalwana uBranham, ungandibeka izandla? Bangandibeka izandla? Ndingathanda ukumiselwa.”—Mhl.] Ukhe wa . . . ? Bendingazi ukuba awukaze.

UMzalwana uBen, apha, uze kuthi. Ndinga ukuba sele enexesha eshumayela. Ukanti, akakaze ngokusesikweni (bendinga ukuba wenziwe; naso isizathu sokuba ndimbize.) umiselwe, okanye kubekwe izandla phezu kwakhe apha.

³¹ Ngoku, inkosikazi kaMzalwana uBen ilapha ndaweni ithile, kwaye ingumntu othandekayo. Yayingumfazi ongumshumayeli. Kwaye xana yena nomzalwana wethu betshata, waza wamzisa emnqubeni, xana wabona kwaye weva iLizwi, kodwa inenekazi elincinane elihle elinobuntu obuhle, kodwa xana wabona ukuba kwakungalunganga ukuba abafazi benze oko, wabekala bucala; kwaye kwaba ngathi iwela emyenini wakhe. Oko kuchanekile. Obo bubupostile. Leyo ndlela ekumele ukuba yiyo.

³² UMzalwana uBen uthabatha iiteyiphu, njengoko ndiqondayo, kunye nenkosikazi yakhe. Baya kwi e . . . eziphumileyo endleleni iindawo, emva phaya ezintabeni, emahlathini, kwaye badlale ezi teyiphu kwaye baphawule kumakhasethi. Kumaxesha amaninzi bayaleqwa, bakhutshelwe

ngaphandle, balahlelwe ngaphandle. Sikulindele oko. “Kuba bonke abaphila ngokuhlonela uThixo kuKristu Yesu baya kutshutshiswa.”

³³ Bangaphi apha abamaziyo uMzalwana uBen? Bangaphi abakhohwayo ukuba ungumkhonzi kaThixo, uyifanele le ntsikelelo yokuba siyicele kuThixo ngenxa yakhe? Yabona, akango wasemzini. Ubenathi iminyaka ngeminyaka. Ndimazi njengomntu othobekileyo. Uyafana nam; wenza iimpazamo ezininzi. Thina sonke siyakwenza oko. Into endiyithandayo ngoMzalwana uBen, ukulungele ukukhasa ngamadolo akhe ukuyenza ilunge.

Kwaye xana esiva, ngenye imini, ngo*Mtshato noQhawulo-Mtshato*, yena nenkosikazi yakhe babesele belungele ukwahlukana, ngokuba ukuba uyamthanda, kwaye naye uyamthanda, kodwa bafuna ukulungelelana neLizwi likaThixo. Nantoni na iLizwi eliyithethayo, yiloo nto babeyifuna. Ndiyathandaza ukuba uThixo uyakumsikelela uBen nenkosikazi yakhe, kwinkonzo Yakhe.

Masibekeni izandla zethu phezu komzalwana wethu.

³⁴ Thixo Othandekayo, sibeka izandla zethu phezu koMzalwana wethu uBen, ngomqondiso wokuba siyamthanda. Kwaye siyakholwa, Nkosi, ukuba uzimisele uKukwenzela umsebenzi, ukuba athunyelwe ngaphandle nezi teyiphu, ukuwadlala phakathi kwentaba ezithile abantu endleleni kude kwiindawo apho mhlawumbi uninzi lwethu lungenakuze lufike khona, kodwa nangoko uMyalezo umelwe kukuba uye kulo lonke ihlabathi. Siyathandaza ukuba Uyakumsikelela umzalwana wethu, kwaye umnike uMoya Wakho, kwaye wanga Ungeza phezu kwakhe. Kwaye umkholele, umalathise nenkosikazi yakhe kwezo ndawo apho mhlawumbi laa mphefumlo mnye uphandle phaya, kwaye iingcango azinakuvalwa ide lamvu inye ingeniswe. Akwaneliswanga ngamashumi alithoba anethoba. I. . .Lonke igama eliseNcwadini kumele lingeniswe. Bancede, Nkosi, njengokuba sibeka izandla phezu kwakhe, njengoko simxulumanisa nathi njengomzalwana wethu. Kwaye uncedo lwethu nokumthandazela, kuya kuhamba naye. Kwaye siyathandaza ukuba Uyakumsikelela, Nkosi, naphina apho aya khona. NgeGama likaYesu. Amen.

Akusikelele, Mzalwana uBen! Isandla sokunene sobudlelane siyakunika, njengabazalwana abangabalungiseleli. UThixo akusikelele, mzalwana.

³⁵ [UMzalwana u-Earl Martin uthi, “Mzalwana uBranham, ungandibeka izandla, undimisele ukusebenza njengomalusi?”—Mhl.] UJohn Martin. . . [“Earl.”] Earl.

Bangaphi abamaziyo u-Earl Martin? Bangaphi abakhohwayo ukuba ungumkhonzi kaKristu? Uza kuthi evela kwi. . . Ndiyakhohla i, ekuqaleni, ukusuka kwiqela lamaPentekoste,

kwaye ngoku ndicinga ukuba uyalusa kwaye wenza umsebenzi ozimeleyo.

³⁶ Ndimaze u-Earl ngokuba sisicaka senene sikaKristu. Andisokuze ndisilibale isenzo esinye, abaninzi benzile, kodwa isenzo esinye sika-Earl. Ndikhumbula ngobunye ubusuku bamtsalela umnxeba xana ndandiseDallas, eTexas; okanye ndi—ndiyakholwa, hayi, kwakuyi... [Udade uthi, “eBeaumont.”—Mhl.] EBeaumont, eTexas, ilungile, dade. Kwaye bona—bona... Usana lwakhe lwalulele, lusifa, kwaye babecinga ukuba lwalusele lufile. Lwalungasaphefumli. Kwaye u-Earl wenza indlela yakhe wajikela egumbini lam, njengotata, egoba amagxa, wagoba phambi kwam, njengoko ndandise bhedini. Wakhutshelwe phandle; wandiwola ngeengalo zakhe wathi, “Mzalwana, ndiyakholwa ukuba ungumprofeti kaThixo. Ndahlala ndikukholwa oko. Kwaye ukuba nje unokuthetha ilizwi, nangona usana lwam lufile, kodwa luyakuphila.” Kwaye usana lwakhe lubuyele ebomini, luyaphila.

³⁷ Niyakholwa ukuba usifanele isandla sokunene sobudlelane sala makholwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Masithandazeni, bazalwana, njengokuba simbeka izandla.

³⁸ Bawo waseZulwini onenceba, sibeka izandla, kwakhona, kuMzalwana wethu uMartin. Siyamthuma, Nkosi, kwezona ndawo zikude Owawummisele zona ukuba aye; naphi na apho kukhona, zininzi okanye zimbalela, iindlela ezisecaleni kwendlela, oohola bendlela, iindonga, ukuba kunjalo. Naphi na apho kukhona, Nkosi, zanga iintsikelelo Zakho zingaba naye. Sibeka izandla zethu phezu kwakhe njengoko siMbize ngokukhawuleza kwaye simnika iintsikelelo zethu, ukuba uMoya ophezu kwethu, Nkosi, uhambe naye, kwaye uya kumkhokela kwaye umalathise kwimiphefumlo elahlekileyo ngaphandle ezindongeni nakoohola bendlela. Siyamthumela, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele, Mzalwana uMartin. Hamba ngoku, kwaye iNkosi ibe nawe.

³⁹ Ngenjongo enye? [UMzalwana uRichard Blair uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] URichard ligama lakho? [“Kulungile. URichard Blair.”] Bangaphi abamaziyo uRichard Blair? Bangaphi abakhohlo ukuba ungumkhonzi kaThixo? Usuka kwi—kwiqela lebandla lamaPentekoste Amanyeneyo.

Kwaye mzalwana, uMzalwana uBlair, ndikhumbula ubizo olukhulu, lwakhe. Ndikhumbula kwixesha apho uMzalwana uBlair wayengafuni, engafuni ukundikholwa, ngokuba kwakukho umoya osebenzayo kunye naye, umxelela ukuba ndingowobuxoki. Kwaye ngethuba wayehleli kanye emhlanganweni, uMoya oyiNgewele wajika wayibiza. Kwaye wayesele ekulungele uku—ukuqhekeka, kwaye yiloo nto eyamenza ukuba abe kwesosimo.

Kwaye ndikhumbula umfazi wakhe othandekayo enditsalela umxeba ngenye imini. Wathi, “Mzalwana uBranham, ndiyakholwa ukuba uRichard uzakufa.” Kwaye wayene, ndiyakholwa, isikhafu. Waya wasibeka phezu kwakhe, njengoko ndandimcelile, ndathandaza. Nanku elapha.

⁴⁰ Usana oluncinane lwalukwingozi, okanye, [uMzalwana uBlair uthi, “Inkwenkwe yaam.”—Mhl.] inkwenkwe yakhe, kwingozi, ukuba abazange banike ithemba kakhulu ngayo, kunye nomonzakalo entloko. Kwaye ngomthandazo, nkqu nangomnxeba, usana lwaphiliswa.

Niyakholwa ukuba uMzalwana uBlair ulingqina lenyani likaKristu? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nithandaze ukuba iintsikelelo zenu zihambe naye.

Bazalwana, bekani izandla zenu phezu kwakhe.

⁴¹ Thixo Othandekayo, ukubandakanya umzalwana wethu onobubele nobekikileyo, Umkhonzi Wakho, othe waphuma nkqu nakwiqela lakhe, ukuze ahambe ekuKhanyeni. Bawo, siyathandaza ukuba Umsikelele uMzalwana wethu uBlair, njengoko simthumela ngeentsikelelo zethu kunye negunya lethu, ngezandla zethu phezu kwakhe, naphi na apho Unokumbizela khona, Nkosi, nakuwuphi na umsebenzi onokuba nguwo. Wanga uMoya Wakho ungahamba noMzalwana uBlair. Mkhokele kwaye umalathise kwezo zilahlekileyo nezifayo kweli hlabathi, ukuze ancede afumane laa mvu ilahlekileyo, ukuba abenokuyibuyisela ebuhlanti. Naphi na apho inokuba khona, nantoni na Onayo ngaye, Nkosi, sicela nje ukuba uMoya Wakho umkhokele kwaye umalathise kuhambo lwakhe lwasebomini. Singabazalwana bakhe. Ngokumnika isandla sokunene sobudlelane, sikucela ukuba Uhambe naye, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Isandla sokunene sobudlelwane! UThixo akusikelele, Mzalwana uBlair. Sinawe, ikhulu leepesenti, sikuthandazela kwaye siyakwenza nantoni na esinokuyenza ukukunceda. UThixo akusikelele.

⁴² [UMzalwana uMerlin Anthon uthi, “Kuyafana nakum, Mzalwana uBranham, ngokumiselwa.”—Mhl.] Uthini? [“Ukumiselwa.”] Ungubani? [“Merlin Anthon.”] Merlin Anthon. [“Ndisebandleni.”] Phi? [“Apha ebandleni.”] Ebandleni. Nabani na omaziyo uMzalwana uMerlin Anthon? Mtsha, kum. [“Kunye noMkhosi Wosindiso. Uyandikhumbula?”] Owu, ewe. Ndixolele, mzalwana.

Ukusuka kwiSalvation Army, kunjalo oko, ndiyamkhumbula. Ngokuqinisekileyo, ndiyamazi ngoku. Ndiye nje. . . Ubuso bakhe abukhange bubonakale buqhelekile kum nje ngoko, ngeli xesha. Bangaphi abamaziyo ukuba yindoda yakwaThixo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Bangaphi abakukholwayo ukuba—ukuba uThixo usebenza

naye? Phakamisani isandla senu. ["Amen."] Ingaba uya niyakumthandazela? ["Amen."]

⁴³ Ngoku, mzalwana, siyazi ukuba usuka kwiqela elikhulu labantu, Umkhosi Wosindiso, bangabantu abakhulu. Kodwa, kwaye, kodwa Umkhosi Wosindiso wenza umsebenzi omkhulu phandle estratweni. Asinakuthetha nto ngokuchasene neNazarene, ibandla lamaPentekoste, okanye Umkhosi Wosindiso, okanye nayiphi na kuzo; ngabazalwana bethu. Kodwa, uyabona, siyakholwa ukuba singabathwali boMyalezo omkhulu wale yure kanye siphila kuyo. Ufuna ukwenza oko nathi? [UMzalwana u-Anthon uthi, "Amen."—Mhl.]

Masithobiseni iintloko zethu ngeli thuba sibeka izandla zethu kumzalwana wethu.

⁴⁴ Bawo waseZulwini Othandekayo, UnguLowo owenza ubizo. UnguLowo ulidlisa ubomi iLizwi, ukuze babenokukholwa. Kwaye sibeka izandla zethu phezu komzalwana wethu othandekayo, njengesigunyaziso sokuba siyakholwa ukuba Wena unaye kwaye uyakumnceda. Sithumela iintsikelelo zethu naye, ukuba thina bakholwayo ukuba sidlule ekufeni sangena eBomini kwaye ngoku sibambe aMandla adlisa ubomi ezintliziyweni zethu, ngobabalo lukaThixo, sibeka izandla phezu komzalwana wethu kwaye simthumela neentsikelelo zethu, ukuba Uyakumkhokela kwaye umkhokelele kwaye umalathise kuzo zonke iintanda zehlabathi, Nkosi, oko uMmisele ukuba aye khona. Wanga uMoya Wakho ungahamba naye umnike impilo, nokomelela, nempumelelo kulungiselelo lwakhe, kuba simthumela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁴⁵ UThixo akusikelele, mzalwana. Eso sisandla sokunene sobudlelane, niyazi, bazalwana xhawulanani naye ngezandla, bazalwana ngolo hlobo. Ke ukuba wena... Kulungile, iNkosi inisikelele nonke.

⁴⁶ [UMzalwana uCarrell uthi, "a—andizange ndenziwa, ngokusesikweni. Ndifuna ukuba ubeke izandla zakho phezu kwam, njengabo, eGameni likaYesu."—Mhl.] Wena, nantoni na oyingqwenelayo. Kwaye eyakho... ["Ixesha lokuba, kwaye ngokufanayo nabo."] Ngoku ungubani igama lakho? ["UMzalwana uCarrell, ovela eCincinnati."] UMzalwana uCarrell.

[UMzalwana uCarrell uthi, "Ndandingumlungiseleli omiselweyo, kodwa andizange ndivumelane nomzalwana owayemisela abafazi njengabalungiseleli, kwaye kwafuneka ndahlukane nayo."—Mhl.]

Lo nguMzalwana uCarrell ovela eCincinnati. Nabani na omaziyo uMzalwana uCarrell, phakamisa esa... Ekubeni evela eCincinnati, ndiyayithandabuza, ukuba nabani na uyazi. Uthi wayekunye neqela, kwaye elo qela lalifuna ukumisela abafazi

njengabalungiseleli. Akazange akwazi ukuyinyamezela, kwaye kwafuneka ohlukane nabo.

Yiloo ndlela kanye endahlukana ngayo neMishinari yamaBhaptizi. UGqirha Roy E. Davis, bangaphi abakhe bamva? Ngokuqinisekileyo, nikwenzile, yabona. Wayefuna ukumisela abanye abafazi abashumayeli, kwaye ndathi, “Hayi, mhlekazi. Njengendoda enkulu,” ndathi, “Andinakukwenza oko, ngokuqonda. Ichasene neLizwi likaThixo.”

⁴⁷ Andikwazi, Mzalwana uCarrell. Kodwa phezu kwesiseko sobungqina bakho, naloo Nyaniso uyimeleyo... Asinanto ichasene nabo bafazi. Ngoodade. Siyabathanda. Kodwa siyakholwa ukuba banendawo yabo, kwaye bamelwe kukuba bahlale. Yabona? Kwaye siyakholwa ukuba basisithandwa sendoda, umncedi. Kwaye ngokunjalo... Sicinga ukuba basesona siphosikhulu, ngaphandle kosindiso, awakhe uThixo wasinika indoda. Kodwa akanandawo epulpitini, ngokweLizwi likaThixo. Phezu kwesosiseko, nokholo lwakho kuThixo, sibeka izandla kuwe, njengobudlelwane, ukuba uze uhambe nathi.

Masibekeni izandla zethu phezu kwakhe.

⁴⁸ Bawo wethu oseZulwini othandekayo! Lo mntu mtsha, ndiyakwazi nje ukuba uziva njani. Uye wakhutshelwa ngaphandle ngenxa yeNyaniso yokwenene. Oko, “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi.” Ke sibeka izandla kuye, sibeka iintsikelelo zethu kuye. Wanga uMoya Wakho ungamkhokela, umkhokelele, kwaye umalathise kulo lonke uhambo lobomi ukuya naphi na apho Wena Unokumthumela khona, Nkosi. Makazi ukuba siyamthandazela, kwaye siyakubaluncedo kuye, kwaye simxhase okoko nje esamela iNyaniso. Siphe, Nkosi. Simthumela, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele, Mzalwana uCarrell.

Ubeka nje ezo zandla phezu kwabo, abohlukeneyo. Nonke nikani ububele bezandla sokunene sobudlelane koko.

⁴⁹ UMzalwana uRuddell, apha, akazange amiselwe ngokusesikweni apha ebandleni. Ingaba... Bangaphi abamaziyo uMzalwana uRuddell? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Siyamazi sonke. Bangaphi abaziyo ukuba uyindoda yakwaThixo? [“Amen.”]

Bawo Othandakayo waseZulwini, yiba njengokuba amadoda amakhulu Akho bebeka izandla phezu kwalo mzalwana oyewagqitha emanzini anzulu, anodaka. Ulibonile ibandla lakhe lisiwa. Uyibonile yonke into isenzeka, kodwa nangoko wakholwa. Nangona i...?... Sibeka izandla zethu phezu kwakhe, kwaye sigqithisela iintsikelelo zethu kuye. Mthambise, Nkosi, ngokunamandla, ngeLizwi, Nkosi, kwaye umthumele kuzo zonke iintanda zomhlaba!...?... makube phezu kwakhe umncede. Kwaye umthumele, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁵⁰ Mzalwana uRuddell, ubuhleli unesandla sokunene sobudlelwane. Ndiyamazi uMzalwana uRuddell. Kubonakala ngathi—ngathi yinkwenkwe yam. Utata wakhe nam, umama, sazana ixesha elide kakhulu. Kwaye ndiyamazi uMzalwana uRuddell ukuba ungumkhonzi kaThixo. Ndiye ndakhonza naye. UThixo akusikelele, Mzalwana uRuddell.

⁵¹ Ngubani igama lakhe? Ungubani, mzalwana? [Umntu uthi, “uSibali kuMzalwana uMartin.”—Mhl.] Mzalwana uMartin, uyamazi, Mzalwana uMartin?

Ungubani igama lakho? [Umzalwana uthi, “Umfu. UMcComas.”—Mhl.] UMzalwana uMcComas. Ndiyaqikelela ukuba akukho mntu umaziyo apha, kodwa ungu... Ewe, le ndoda ilapha iyamazi, uMzalwana uTyler. Kwaye uza ukuba... kubekwe izandla phezu kwakhe, ukuba abe ngumthwali weVangeli. Mzalwana uMcComas, uvela phi, uMzalwana uMcComas? [“ERockford, e-Illinois.”] ERockford, e-Illinois. [“Utsalele umnxeba ikhaya lam, kwiveki ephelileyo, okanye ngobusuku bangoMvulo ogqithileyo, kwaye wathandazela inkosikazi yam.”] Owu, kunjalo oko? Ukusuka eTucson. [“ETucson, e-Arizona.”] Owu, ndiyawukhumbula umnxeba ngoku. [“Wavuka ngentseni elandelayo.”] Dumisani iNkosi!

[UMzalwana uMartin uthetha into kuMzalwana uBranham—Mhl.] Uthini? [“Udade wam oyenamncinane.”] Udade wenu. [“Ulapha ngoku. Wayekhubazekile.”] Ke, ulapha ngoku, wathandazelwa, ngobunye ubusuku, ukusuka eTucson, ngomnxeba. [“Ekhubazekile.”] Khuba-... [“Wayekhubazekile, kwaye ulapha ngoku.”] Wayekhubazekile, kubusuku obumbalwa obugqithileyo, kwaye ulapha ngoku. UMzalwana uMartin uyayazi, sihlobo. Akumangalisi efuna ukuthabatha uMyalezo!

Masibeke izandla phezu komzalwana wethu.

⁵² Thixo Othandekayo, ndibeka izandla, kunye naba abanye, phezu komkhonzi Wakho, kwaye simnike isandla sokunene sobudlelwane, sithandaza ukuba iintsikelelo zikaThixo zizawu...?... ukuba Ummisele ukuba abenjalo. Intsikelelo Yakho mayibe phezu kwakhe, kwaye umkholele kwaye umalathise, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Isandla sokunene sobudlelwane, mzalwana wam, nabo babe nawe. UThixo abe nawe.

⁵³ [Umntu othile uthi, “Mzalwana uBranham?”—Mhl.] Ewe, mzalwana? [“Ndinomnye kwakhona ofuna oku naye.”] Kulungile, mhlekazi. Ndiyakholwa ukuba lo ngu... [“UMzalwana uDarris.”] UMzalwana uDarris. Andi... [“Ndiyamazi uMzalwana u-Earl noMzalwana uBrewer.”] Le ndoda nguMzalwana uDarris. Uvelaphi, mzalwana? [“EBlack Rock, e-Arkansas.”] EBlack Rock, e-Arkansas. Mzalwana... [“Ndiyamazi, mzalwana.”]... bendimazi. Omnye umntu, ndiyakholwa, apha, wathi... uMzalwana uBrewer.

Ndiyakholwa ukuba ndihlangene nabo, ngale ntsasa. Kwaye—kwaye uDade uVayle, ndiyaqikelela, uMzalwana uVayle, nabo abamaziyo, kwaye bemazi ukuba uyindoda yakwaThixo, umkhonzi kaThixo. Kuyamangalisa!

⁵⁴ Ke, ngoku, mzalwana wam othandekayo, ukuba ngumthwali woMyalezo, sifuna wazi ukuba siyakuma emva kwakho, senze konke esinako. Sizakukuthandazela, ukuba nawe uyakuwuthwala loMyalezo ukusa ekupheleni naphi na apho uThixo akumisele ukuya khona.

Masibekeni izandla zethu kuMzalwana wethu uDarris.

Thixo othandekayo, sibeka izandla zethu phezu komzalwana wethu, simnika isandla sokunene sobudlelane, kwaye simthumela eGameni likaYesu Kristu, ukuba Uyakumthambisa. Kwaye...?..mnike isandla sokunene sobudlelane!...?.. Kwaye uMoya Wakho uhambe naye, umkhokele kwaye umalathise, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele, mzalwana.

⁵⁵ Ngoku, ndiyakholwa, Mzalwana u-Anthony. Abaninzi benu bayamazi uMzalwana u-Anthony. Ubelapha kunye nathi ixesha elide. Ndiyamazi ukuba ungumkhonzi kaKristu, ngokwam. Ndiyakholwa ukuba uyindoda eselula ezinikeleyo. Akazange abekwe izandla ngokusesikweni. Wayengazi ukuba oku kuyeza, zihlobo. Yabona? Kodwa ngoku kulungile njengalo naliphi. Ke sizakubeka izandla kuMzalwana u-Anthony kwaye simnike nje isandla sokunene sobudlelwane. UThixo umelwe kukwenza ukumisela. Oku kukumazisa nje, kwaye niyazi, ukuba siyamkholwa lo mzalwana kwaye siyamthanda, kwaye ungomnye wethu, kuMyalezo. Kwaye sifuna ukuba afumane iintsikelelo zikaThixo, kwaye yiloo nto esiyicelayo kuye. Masithandazeni, njengokuba sibeka izandla zethu phezu, komzalwana.

⁵⁶ Thixo othandekayo, lo uthobekileyo mcinane, umkhonzi Wakho wase-Itali, Nkosi, uyeza ngobu busuku, ukuba uku—ukuba kubekwe izandla phezu kwakhe, kwaye isandla sokunene sobudlelwane solulelwe kuye ngokusesikweni, ukusuka ebandleni. Nkosi, Amandla Akho amakhulu athumele le nkwenkwana iselula kwindawo zomhlaba kunye nengxondorha Oyibizele kuzo. Kwaye wanga angahamba abahlangule abo bantu esonweni nasekuguleni, kwaye akukhonze Wena, Nkosi, yonke imihla yobomi bakhe. Wanga Ungamkhokela, umnqwamqwade. Zanga iintsikelelo zethu zingaba naye, njengokuba simthumela, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele.

⁵⁷ [Kukho umntu othetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Huh? Owu, andazi. Sikunxibelelwano lomnxeba; amashumi amahlanu eesenti ngomzuzu. Ingaba kukho umntu othile apha owayefuna... .

Nyathela apha ubize amagama enu, ningobani na, bazalwana, nje kumboko kanye *apha* phezulu. Baxelele nje. [Umzalwana ngamnye atsho igama lakhe, “uPat Tyler,” “uClaude Boggess,” “uDale Potter,” “. . . ? . . . Henasey,” “uJames Humes,” “u-Earl Horner.”—Mhl.] Ingaba abo ngabo? [Othile uthi, “Ewe.”] Bazalwana bam.

La madoda, niyakholwa ukuba lo Myalezo uyiNyaniso uvela kwiLizwi likaThixo? [Abazalwana bathi, “Amen.”—Mhl.] Ingaba niyakukholwa oko ngentliziyo yenu yonke? [“Amen.”] Kulungile. Kwaye niyanqwenela, kwaye nicinga ukuba sibeka izandla phezu kwenu. . . Sifuna ukuba nazi ukuba sinani, kwaye siya kwenza nantoni na esinokuyenza ukuninceda.

Kwaye ngoku ndifuna nina bazalwana, ukuze ndibe nokubeka izandla phezu kwabo nam, ninyukele apha ngoku. Kwaye masithobiseni iintloko zethu sonke, njengokuba sibeka izandla phezu kwabo.

Thixo othandekayo, nali iqela lamadoda. Ndibeka izandla zam phezu komntu ngamnye kubo, eGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo. Kwaye wanga Wena, owababizayo ukuba babe ngabalungiseleli, ukuba babenokuyishumayela, Nkosi, yonke imihla yokuphila kwabo, kwaye. . . ? . . . bashumayele iVangeli kuyo yonke indalo. Sibanika isandla sokunene sobudlelwane, kwaye sithandaza iintsikelelo Zakho zibe kunye nabo, Nkosi, njengokuba sibasikelela, sithumela iintsikelelo zethu. Yanga ingaya kuwo wonke amathanda omhlaba Obabizele ukuba baye kuwo. Banga bangasebenza baKukhonze ngokwesakhono eso Obabizele kuso. Banga bangaba ngabakhonzi bakaThixo abangamakhaliha. Siphe, Nkosi. Kwaye sikucela eGameni likaYesu Kristu.

⁵⁸ UThixo anisikelele, ngamnye, bazalwana. UThixo anisikelele. UThixo anisikelele, mzalwana. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, Mzalwana uHumes. INkosi ibe nani, ngamnye.

Malisikelelwe iqhina elibophayo
Iintliziyo zethu kuthando lobuKristu;
Ubudlelwane bengqondo ehlobeneyo
Ifana naleyo Yangentla.

⁵⁹ Ingaba Akamangalisi na? Cinga nje ngoku, bangaphi abalungiseleli abakhoyo apha ngokuhlwanje ekubekwe izandla phezu kwabo!

⁶⁰ Andizange ndiyazi ukuba besikolu nxibelelwano ngomxeba. Ukuba abantu phandle phaya bayakundixolela ngako oko; bendingayazi. Yabona? Bendingazi nje ukuba bayakuwunxibelelanisa lo Myalezo mncinane ngokuhlwanje. Kodwa thina. . .

⁶¹ Ngoku sizakufunda iLizwi kwaye sithandaze, ndize ndingene ngqo kulo Myalezo ndiva ukuba uMoya oyiNgcwele ofuna ndiwuzise kuni ngokuhlwanje.

⁶² Kwaye ngoku ngeli thuba sibuyela emva kwi... kwisicatshulwa, ndiya kuyazisa kwimizuzwana. Masityhile kwiNumeri, isahluko sama-22, umqolo wama 31. INumeri 22:31, ukwenzela isicatshulwa. Ngelilixa usatyhilayo, ukuba uyakuthanda ukufunda, yifunde okanye uyiphawule.

⁶³ Ndifuna ukuba nindikhumbule nonke ngoku, ndide ndinibone kwakhona, ndiyathemba, ngelinye ixesha kweli hlobo, iNkosi ithandile. Kwaye ukuba nantoni na iyenzeka, andizukwazi ukuya phesheya kwezilwandle, ndiya kubuya. Kodwa ngoku siyakholwa ukuba, indlela okusebenze ngayo oku nxazonke, ukuba uMoya oyiNgcwele uya kusithumela ngoku ngendlela Ayinyulileyo ngokwakhe ukuba Asithumele. Kwaye yilo ndlela sifuna ukwenza ngayo. INkosi isikelele!

⁶⁴ Bawo, simalunga nokufunda iLizwi Lakho. Uya kuLisikelela kwaye uLithambisele ekuqondeni kwethu, sikucela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁶⁵ Incwadi yeNumeri, isahluko sama-22 kunye nomqolo wama-31.

*Waze uYHOVA wawavula amehlo kaBhileham,
wasibona isithunywa sikaYHOVA simi endleleni, sirhole
ikrele laso ngesandla saso: waza wathoba intlolo
yakhe, waqubuda ngobuso bakhe.*

⁶⁶ Ngoku, ekufundweni koku, ukwakha isiqendwana kuko, ndifuna ukuthabatha umxholo: *Ingaba UThixo Ukhe Ayiguqule Ingqondo Yakhe NgeLizwi Lakhe?*

⁶⁷ Eso sisiqendwana esisiso, kwaye yiNyaniso enkulu esimelwe kukuyiqonda. Ingaba uThixo angathetha nantoni na aze ngoko athi, “Ndiyaxolisa ndiyitshilo”? Ingaba uThixo angalibuyisela umva iLizwi Lakhe, emva kokuba Elithethile?

⁶⁸ Ngoku, kule ntetha ilapha, isizathu sokuba ndityumbe le ntetha, kungenxa yokuba yenye yeengxelo zeBhayibhile ukuba umfundi, ukuzama ukubona, okanye ukuzama ukuthi uThixo uyayitshintsha ingqondo Yakhe; oku kuyafana nokungaphezulu ukuba Watshintsha ingqondo Yakhe kuyo nayiphi na indawo eBhayibhileni, endaziyo ngayo, ngokuba Wamxelela enye into uBhileham kwaye ngoko wamxelela nenye. Kwaye ngoku, abantu abaninzi bazamile ukwenza uBhileham nje i, owu, umvumisi okanye into ethile. Kodwa uBhileham wayengengomvumisi. Wayengumprofeti weNkosi.

⁶⁹ Ngoku, sizakubabufumana ulwandlalo loMyalezo, kuqala. USirayeli wayekuhambo lwakhe olusuka ePales...ukuya ePalestina, esuka eYiputa. Kwaye iNkosi yayinabo, kwaye babe...Lonke utshaba obeluvuka phambi koSirayeli lwasuswa

lwaphuma endleleni, ngokuba wathi uThixo uya kuthuma oonomeva phambi kwabo alugxothe utshaba, oko nje besahamba ngokuthobela umyalelo Wakhe. Umsebenzi awuzange ube mkhulu kakhulu. Ama-Amaleki, iingxilimbela zalo mhla, zazingathethi nto kuSirayeli. Nangona babengamadoda amancinane ngesithomo, kodwa babehamba ku ITSHO INKOSI. Ke akukhathaliseki nokuba yayiyintoni na inkcaso, uThixo wahlala ebona ukuba aMazwi Akhe edinga akazange asilele uSirayeli.

⁷⁰ Kwaye uSirayeli weTestamente eNdala ungumzekelo woMtshakazi weTestamente eNtsha, bephuma kwi—kwiHlabathi, bematsha endleleni eya eKanana, okanye iKanana esiya kuyo, iMinyaka eliwaka.

⁷¹ Ngoku, ngoku, siyaqaphela uMowabhi apha ungumfuziselo webandla. Kwaye uMowabhi... Babesandula ukubulala ookumkani abathile kwaye balusabisa utshaba, babulala yonke into, balithimba ilizwe, benyuka ngakwaMowabhi. Ngoku, uMowabhi wayengelohlanga lwabahedeni nakancinci. UMowabhi wayeluhlanga olwalukhonza kwaloo Thixo wayekhonzwa nguSirayeli. Kwaye ilizwe lakwaMowabhi ekuqaleni laqalwa ngunyana kaLote, ngentombi yakhe. Kwaye yena, ekubeni engumseki wesi sizwe, kwaye walungelelanisa abantu bakhe abadumileyo nokujalo, kwaye wenza uhlanga olukhulu ukuphuma kuso, kwaye banda baze baqhubela phambili.

⁷² Kwaye, ngoku, uSirayeli wayengowembewu ka-Abraham, ingeyiyo ekaLothe. USirayeli waphuma ku-Isake, uYakobi. Kwaye uSirayeli waphuma kwezo zizwe zilishumi elinesibini kuYakobi, owathi kamva wabizwa ngo "Sirayeli," ngokuba wazamana neNkosi. NoMowabhi apha...

⁷³ Ngoku, koku, kwaye nina bantu baphandle kwi—kwiiminxeba, Ndifuna kuqala ndithi ukuba a—andifuni kugxeka, kwaye ndiyathemba ukuba andinjalo. Kodwa, uMyalezo endiwunikiweyo, ndimelwe kukuba ndithembeke kuloo Myalezo, okanye ndiyakuba ngumhanahanisi. Yabona? A—andikwazi ukuthetha ngaphezu koko ndikuthunyiweyo ukuba ndikuthethe.

Kwaye ndi—ndicinga ukuba utshaba olukhulu kuluntu lwamaKristu namhlanje ziicawe ezingumbutho. Ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke ukuba ekugqibeleni iyakubumbekela kuphawu lwerhamncwa, ntolelo endinga, ndicinga ukuba ndingakungqina oko ngeBhayibhile ngoncedo lukaThixo. Sele ndiyenzile. Ukuba, ziyakuzibumbekela kuphawu lwerhamncwa, kwibhunga lenkonzo zehlabathi. Ngokuba, uThixo akazange enze, nangaliphi na ixesha, wakhe waqaphela ibandla elibe ngumbutho, ibandla elingumbutho, zange. Akazange akwenze.

Kwaye ngalo lonke ixesha laa ndoda isenza umbutho, uMoya kaThixo wawumka awuzange ubuye kwakhona. Buza nawuphi na umbhali-mbali, okanye unokuba ngumfundi ngokwakho. Zange! Xana besenza umbutho, uThixo wawubeka eshelufini, kwaye kulapho waya khona; wahlala, ukusukela ngoko. Bakhula ngamanani, kodwa zange ukuvuswa kukaMoya; zange, kwakhona.

⁷⁴ UMowabhi, apha, ngumzekelo wokunjalo, ngokuba babesi i—isizwe esingumbutho; kwilizwe labo, njengakwihlelo labo. Kwaye phaya babeneenkolo zabo, kwaye inkolo yabo yayiyinkolo enye naleyo uSirayeli wayenalo. BabengamaMowabhi kwaye bekholelwa kuYehova uThixo, kodwa babeliqela elihleliweyo lwabantu.

⁷⁵ Kwaye, ngoku, njengoko bemele ibandla lemvelo, uSirayeli umele ibandla lokomoya kuhambo lwalo. Ngoku, uSirayeli wayengesosizwe singumbutho. Okoko nje besalandela uThixo, babezimele. Benyuka, abaphambukeli, kungekho ndawo yakuya. Naphi na apho iNtsika yoMlilo, yayakhona babehamba naYo. Babengeso sizwe sihleliweyo. Baye benento ephilayo phakathi kwabo, ngokuba ulwaluko lwalubanike oko phantsi komyalelo ngoThixo, kodwa zange babe sisizwe esingumbutho ngeli xesha. Xana ekugqibeleni besiba sisizwe esingumbutho, kulapho bawa khona baza bamala uMesiya wabo.

⁷⁶ Kwaye ngoku sifumanisa, ngalo lonke ixesha, ukuba xana aba bemvelo nabakamoya, iimimoya yecawa nemibutho, ihlangana, kusoloko kukho ungquzulwano. Akuzange kusilele ukuba njalo. Ihlala ingquzulana. Ngokuba, sifumana ukuba ngaphakathi phaya kukho umona. Kwaye phaya, kulo mona, kubangela ufaniso lwenyama, ukulinganisa. Kwaye siyifumana ngaphakathi namhlanje, njengokuba kwakunjalo ngoko. Xana uThixo esenzela umntu into ethile, wonke umntu uzama ukuxelisa kanye njengokuba uThixo wenzayo kuloo mntu. Yabona, ibangela ukhuphiswano, kwaye yenza okwenyama. Kwaye ngoku ukuba abanako, kwelinye icala, fumana iziphumo zokomoya, ngoko bayithabatha ngamandla wezopolitiko, okanye babambise ngento ethile, ukuze baphazamise iingqondo zabantu, ukuba batsale abafundi emva kwabo.

⁷⁷ Yiloo nto kanye eyenzekayo kwasekuqaleni; njengoKayini no-Abheli, omabini amakhwenkwe apha emhlabeni. Kwaye xana u-Abheli wasondeza kuye uThixo umbingelelo ogqithisileyo kunokaKayini, kwaye uThixo wamngqinela u-Abheli, ngokuhla, kwaye alamkele idini lakhe, yabanga umona kuKayini, ngokuba ebemmonela umntakwabo wakhe, kwaye wambulala umntakwabo.

⁷⁸ Yaqala ekuqalekeni, ukuba xana owemvelo nowokomoya. . . uKanti uKayini no-Abheli babenqula uThixo omnye, bobabini bakha uhlobo olunye lwezibingelelo, kwaye bobabini banqula

uThixo omnye, kwibandla elinye, kwisibingelelo esinye. Kodwa uKayini, ngokuqiqa kwenyama, wazisa iziqhamo zomhlaba kwaye wazibeka phezu kwesibingelelo njengedini, ecinga ukuba ngokuqinisekileyo oku kuya kuphendula kuThixo ukuze kucamagushelwe. Ngoko umele ukuba wazisa, njengoko abantu becinga namhlanje, “ama-apile lawo u-Adam no-Eva bawadlayo, awabangela isono.” Kwaye, nokuba yintoni na, ndiyacinga ukuba ngoku bayifumene phantsi ukuya “kwirharnati” okanye into ngoku. Abanye babo bathi, kungekudala, kwakungenye into.

⁷⁹ Kwaye, kodwa u-Abheli wayenedini elilungileyo. Wayesazi ukuba ligazi elakwenzayo, ke wazisa imvana. Kwaye xana uThixo esamkela elakhe, ngoku, u-Abheli, ngokholo, ngesityhilelo, akukho indlela yimbi. Kwakungekho Bhayibhile ibhaliweyo. Ke, uyabona, isiqalo sobulungisa yiNyaniso kaThixo etyhiliweyo, kwaye lonke iBandla likaThixo ophilileyo lakhelwe phezu koko.

⁸⁰ UYesu, ngenye imini, evela entabeni, wathi kubafundi Bakhe, “Bathi abantu ndingubani na mna Nyana woMntu?”

“Omnye wathi UnguMoses, nomnye wathi Ungu-Eliya, kwaye UnguYeremiya, okanye omnye wakubaprofeti.”

Wathi, “Kodwa nina nithi ndingubani na?”

⁸¹ Kulapho umpostile uPetros, waphenjlelwa nguThixo, edliswe ubomi nguMoya, wenza langxelo imangalisayo, “Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilileyo.”

⁸² Phawula intetha. “Unoyolo wena, Simon, nyana kaYona, inyama negazi azikutyhilelanga oku. UBawo Wam oseZulwini ukutyhilile oku kuwe. Wena unguSimon. Phezu kolu lwala. . .”

Oluphi ulwala? Ngoku, amaKatolika athi, “Phezu koPetros, ulwala, ilitye elincinane.” Kwaye amaProtestanti athi, “Phezu koKristu, uLwala.”

Ingekukwahluka; kodwa kwakuphezu kwesityhilelo awayenaso uPetros, ukuba WayeNgubani na. “Akukho mntu unokuza kuM,” Wathi uYesu, “ngaphandle kokuba uBawo Wam amtsale. Kwaye bonke uBawo aNdinike bona baya kuza kuM.”

“Wena unguKristu, uNyana kaThixo ophilileyo.”

⁸³ “Unoyolo, Simon, nyana kaYona; inyama negazi azikutyhilelanga oku, kodwa uBawo waM oseZulwini. Phezu kolu lwalwa ndiya kulakha iBandla laM, kwaye amasango elabafileyo akayikuloyisa.” iLizwi likaThixo elityhilekileyo lokoMoya!

⁸⁴ Qaphela, u-Abheli, ngokholo kuThixo, wanikela umbingelelo obalaseleyo kakhulu. Kwaye ikholwa lenyama lacinga ukuba yimisebenzi yezandla zalo, ukuba, neziqhamo zakhe kunye nomnikelo wakhe omhle awawuzisayo, ukuba uThixo wayezakuwuqaphela, kwaye yenza unguzulwano.

Sifumana ukuba u-Abraham noLote kwafuneka bangqzulane.

⁸⁵ Sifumana ukuba uMoses no—noDatan, uKora, babanongqzulwano olufanayo.

UMoses, engumprofeti omiselweyo kunye neLizwi leNkosi, wangqinelwa ukuba unyulelwe ukuba abe yinkokeli yabo yelixa, nokuba u-Abraham wayezithenjisiwe zonke ezi zinto, kwaye apha uMoses wenza kanye oko uThixo wayethe iyakuba kuko, kuyakwenzeka.

Kwaye uKora, engowenyama, wayefuna ukuvelisa umbutho phakathi kwabo. Wayefuna ukwenza iqela lamadoda. Kwaye uThixo akasebenzi nabantu ngolo hlobo. Yabonisa kanye phaya, kwesa Sibhalo, umfuziselo wohambo namhlanje, ukuba umbutho akuyiyo into uThixo ayimiselayo. Kuba, kwamsinyane uKora ekwenzile, wathi kuMoses, “Uthabathela kakhulu phezu kwakho.” Ngamanye amazwi, “Ibandla liphela lingcwele! Kutheni, usithi nguwe kuphela indoda engcwele. Awunalungelo lokuyenza nayiphi enjengaleyo. Uzama ukuzenza umntu othile omkhulu. Sonke singcwele. Sonke singabantwana bakaThixo.”

⁸⁶ UMoses wajika nje intloko yakhe wahamba. Wathi, “Nkosi, yintoni endinokuyenza na?”

⁸⁷ UThixo wathi, “Zahlule kuye. Ndonele yiyo.” Kwaye Wamginya emhlabeni.

⁸⁸ Yabona, kwabakho unqzulwano. Xana okwenyama nokukamoya kuhlanguka, kuhlala kukho unqzulwano. Xana uYudas noYesu behlangana, kwabakho unqzulwano: Omnye, uNyana kaThixo; nomnye, unyana kaSathana. Kanye njengoKayin no-Abheli, kwabakho unqzulwano xana behlangana. Omnye wabo wayengunongxowa webandla, Omnye engumalusi. Kwaye njengangoku, siza kulo mhla, kwinto enye kwakhona. Ihlelo lenyama kuMtshakazi kaKristu wokomoya. UMtshakazi wokomoya kaKristu wahluke kakhulu kwimibutho yenyama, kude kungabikho kuthelekiswa kubo konke konke.

⁸⁹ Ngoku qaphela, okwemvelo kuhlala kuzama ukufuzisela okomoya. Kodwa, njengakuYakobi no-Esawu, ayisayi kusebenza. Ayinakuba njalo. Ngoku, xana kusiza ekwenzeni imisebenzi elungileyo, ndi—ndiyakholwa ukuba u-Esawu eneneni wayeyindoda engcono kunoYakobi, emehlweni abantu. Wayezama ukuhoya utata wakhe; wayeyimfama, umprofeti. Kwaye zonke ezi zinto wayezama ukuzenza, kodwa nangoko u-Esawu akazange acinge malunga noko engumsebenzi nje wenyama. Wayecinga ukuba angangena ngento ayenzileyo, ukwenzela umntu into elungileyo, ntoleyo konke kwakulungile. Kodwa uYakobi, ngomphefumlo wakhe uphela yayikukufumana oba buzibulo, kwaye yiloo nto uThixo wayiqaphelayo kuye okukokomoya.

⁹⁰ Qaphela, kwaye ihlala ibangela owemvelo ukuthiya owomoya. Yabangela uKayini athiye u-Abheli. Yabangela uKora athiye uMoses. Yabangela uYudas athiye uYesu. Kwaye ngokuqhubelekayo iyahamba. Ibangela owemvelo amthiye owomoya, kwanjengokuba uKayin wamthiyayo ekuqaleni u-Abheli, lowo uThixo wamkela idini ukusuka kuye, kwaye bazame ukubatshabalalisa.

Nkqu bazama ukutshabalalisa impembelelo. Bazama ukutshabalalisa yonke into, ngokuba ayiyonto kodwa umona. Yaqala kuKayin kwaye yangqinwa ukuba yayingumona, kwaye kuseyinto enye namhlanje xana owemvelo (owenyama) nowokomoya behlangana ndawonye. Ingqina ukuba nguSathana, akukho ndlela yimbi, ngokuba umona usuka kuSathana. Kwaye ngoko kubangele ukulinganiswa kweNyaniso, umntu othile azame ukulinganisa into angeyiyo, abakumiselwanga ukuyenza. Kungakanani okoko sikubonileyo kule mihla yokugqibela! Owu, bethu, kungakanani na!

⁹¹ Ke simbona uThixo esenzela... akayitshintshi ngonaphakade ingqondo Yakhe ngeLizwi Lakhe lakuqala. Kodwa, lowo Ambizayo, ngulowo Ammiselayo. Akukho namnye onokuyithabatha loo ndawo. Akukho namnye onokuthabatha indawo kaMoses. Nokuba bangaphi na ooKora abavusiweyo, kwaye bangaphi na ooDathani; kwakunguMoses, uThixo wayembizile, nokuba kunjalo.

⁹² Kodwa, kwaye ukuba abantu abanakuhamba kwintando Yakhe egqibeleleyo, Unayo intando mvume Uyakukuvumela uhambe kuyo. Qaphela, Uyayivumela, kulungile, kodwa Uyakuyenza isebenzele uzuko Lwakhe, kwintando Yakhe egqibeleleyo. Ngoku ukuba ubungathanda...

⁹³ Kanye njengokuba, ekuqalekeni, yayingeyontando kaThixo egqibeleleyo ukuba abantwana bazalwe emhlabeni ngokwazana kwendoda nomfazi. Hayi, mhlekazi. UThixo wamdala umntu eluthulini lomhlaba, waphefumlela kuye impefumlo yobomi, waze waba ngumphefumlo ophilileyo. Wathabatha kuloo ndoda umncedi, kwaye wamenzela umfazi. Oko kwakuyintando kaThixo yakuqala nentando yemvelo. Kodwa xana isono sangenayo kwaye senze oko sakwenzayo, ngoko Wavumela indoda ukuba itshate umfazi, ngokusemthethweni, kwaye ibe nabantwana ngaye. "Qhamani nande kwaye niwuzalise umhlaba, ngoko, ukuba leyo yindlela eniya kuyenza ngayo." Kodwa, uyabona, ayizange ibe yintando Yakhe egqibeleleyo.

⁹⁴ Ngoko ke, zonke ezi zinto zinesiqalo zimele zibe nesiphelo. Sonke isono simelwe kukufika kwintshabalalo. Sonke isono simelwe kukupheliswa. Ke ngoko, kwiMinyaka eliwaka emikhulu xana uvuko lufika, asisayi kubuya sizalwe ngokutsha ngootata nomama bethu, kodwa uThixo njengoko Wenzayo ekuqalekeni uyakubiza umntu ukuphuma eluthulini lomhlaba,

nomncedi wakhe abe naye. Kunjalo oko. Yiloo ndlela Awenza ngayo ekuqalekeni.

⁹⁵ Ke ngoko, uThixo akakaze ayitshintshe ingqondo Yakhe ngayo nantoni na, kodwa Uyakukuvumela ukuba uqhubeke. Ngoku, le yindlela ende ukufikelela kule nto ndifuna ukuyithetha apha malunga noku. Kodwa, kwaye, kodwa, yi, uyaku...ndifuna ukuba uyiqonde. Yabona? UThixo uyakukuvumela wenze into ethile, kwaye akusikelele ekuyenzeni, kodwa nangoko akuyontando Yakhe egqibeleleyo.

⁹⁶ UThixo wamvumela uSirayeli ukuba athabathe umthetho, kwi-Eksodus isahluko se-19. Xana ubabalo lalisele lunikiwe umprofeti, iNtsika yoMlilo, ixhwane ledini, amandla okuhlangula, kodwa bakhalela uMthetho. Yayingeyontando kaThixo, kodwa yafakwa ngenxa yokuba umntu wayeyifuna. Kwaye waqalekiswa kwangalo mthetho awayeyifuna.

⁹⁷ Kokungcono ukuba nentando kaThixo. Yiloo nto Asifundisa yona. “Intando Yakho mayenziwe. UbuKumkani bakho mabufike. Intando Yakho mayenziwe.” Kufuneka sizithobe kwintando Yakhe nakwiLizwi Lakhe. Musa ukuYibuza. Yikholwe. Ungazami ukufumana indlela yokulijikeleza. Lithabathe nje ngendlela Eliyiyo.

Abaninzi bafuna ukujikeleza, bafumane ndlela ithile. Kwaye xana usenza, uzifumana uqhubeke, ufumana uThixo ekusikelela, kodwa usebenza kwintando mvume Yakhe kwaye kungekuyo intando egqibeleleyo Yakhe, intando eNgcwele.

⁹⁸ UYayivumela, njengoko besenditshilo, kodwa Akasayi—Akasayi kuyivumela ukuba kube yintando Yakhe egqibeleleyo; kodwa Uyakuyenza ukuba isebenze ukuzukisa nokusikelela intando Yakhe egqibeleleyo. Kwaye ekuzaleni, ngokwesondo, yenye yako.

⁹⁹ Ngoku qaphela, uMowabhi, okokuqala, wayesisizwe esingumgqakhwe. Saqala, singumgqakhwe, ukanti ngaye u—utata olikholwa nentombi elikholwa.

Kanye nje ngokuchanekileyo, ukuba uyakufuzisela oko kwaye usebenzise ingqondo yokomoya, ungalibona elahlelo limi phaya licace kanye njengayo nayiphi into. Ngokuqinisekileyo. Yabona, iyonke loo nto ayilunganga ngokupheleleyo. Kwaye, khangela, xana iziswa, yaqala ngolo hlobo, ayinakuze... Iqhubeka, njengebhola yekhephu, iqhubeka nje iqengqeleka ngakumbi nangakumbi. Ufumana impazamo enye, kwaye uqale kulompazamo inye, kwaye nje uyakuhlala uqengqa into enye emva kwenye, kwaye into enye njengenye, zonke emva kwenye.

¹⁰⁰ Kwaye yiloo ndlela ibandla elaqala ngayo. Leyo yindlela elaqala ngayo eNicaea, eRoma, xana ibandla lamaRoma iKatolika...Ekuqaleni, apho livela khona, yayiPentekoste. Kodwa xana besenza umbutho kwaye bazisa abantu abadumileyo, ebandleni, baqalisa ukwenza, benemithandazo,

namaso abalekayo, noku—nokuthandazela abafileyo, nazo zonke ezi ezinye izinto. Kwaye ngoko nje yaqalisa ukuqengqeleka, ukusuka kwenye impazamo ukuya kwenye, enye impazamo ukuya kwenye, kwade khangela apho iye khona. Akukho nakunye ukumelwa kwepentekoste kuyo, konke konke. Yabona? Yimpazamo enye ichola enye, ichola enye. Inye kuphela into onokwenziwa, oko, kukucoca okubhaliweyo kwaye ubuyele ekuqaleni.

¹⁰¹ Xana uMartin Luther waqalisa ngogwetyelo... Eli kumele ukuba lelona bandla lihambele phambili, lamaLutere. Yabona? Ukuba... uLuther, xana esenza umbutho, wayengena kuthabatha ungcaliso lukaWesley, ngokuba wayengumbutho; kwaye amadoda ayengenako ukuyimela, ke uMoya waphuma kuwo.

¹⁰² Ngoku, iqela likaLothe apha; okanye, uMowabhi ubengumntwana wentombi kaLothe, engumgqakhwe kwasekuqaleni. Ngoku qaphela, njengoko ibandla lemvelo, uMowabhi, umele ihlelo lemvelo.

USirayeli umele iBandla lokomoya. USirayeli, phaya waye libandla lenyaniso, wayengumtshakazi waloo mhla, owabizwayo ukuphuma eYiphutha, kwaye wangqinelwa ukuba uyinyaniso.

¹⁰³ Qaphela xana bona, bobabini behlangana. Bobabini babingelela ngedini elifanayo, bobabini bakha, babona izibingelelo ezisixhenxe, bobabini babingelela idini elicocekileyo, inkomo. Kwaye babingelela nkqu neenkunzi zeegusha, bengqina ukuba kwakukho uMesiya ozayo. Ngokusisiseko, bobabini babefana kanye. USirayeli, apha ezantsi entlanjeni; uMowabhi, phezulu endulini. Kwaye uMowabhi nezibingelelo ezisixhenxe; uSirayeli nezibingelelo ezisixhenxe. UMowabhi neenkomo ezisixhenxe; uSirayeli neenkomo ezisixhenxe. UMowabhi neenkunzi zeegusha ezisixhenxe, ezithetha ngokuza kukaMesiya; uSirayeli neenkunzi zeegusha ezisixhenxe.

Wawuyintoni umahluko kubo? Ngokusisiseko, bobabini balungile. Kodwa, uyabona, uMowabhi babengenabo ubungqina bukaThixo kubo; babesisizwe kuphela, iqela labantu abadumileyo. Kodwa uSirayeli wayenomprofeti kunye nabo. Babene Liwa elibethiweyo kunye nabo. Babene Ntsika yoMlilo. Babenenyoka yobhedu, yokuphilisa. Babenentsikelelo zikaThixo zihamba kanye nabo, kwaye babengabantwana bakaThixo ababiziweyo.

¹⁰⁴ Ngoku sikufumana ukuba kufanekiswe ngokugqibeleleyo apha kulamabandla anamhlanje. Njengoko, uMowabhi wayengenjalo. USirayeli wayengumphambukeli, ukusuka kwindawo ukuya kwindawo; naphina laa Ntsika yoMlilo yayisiyakhona, babehamba nayo. UMowabhi, akanjalo; babezinze kwelabo ihlelo, ezantsi kwisizwe sabo. Abazange

basuke, bahlala kanye phaya. Babenabadumileyo babo. Bamisela izinto njengoko bamelwe kukwenza, kwaye babe namagorha abo, babenabalwi babo, babenokumkani wabo ababenaye, lowo babefumana kuye imiyalelo yabo, kwaye nangokunjalo.

¹⁰⁵ Kodwa uMowabhi wambona uSirayeli enento ababengenayo. Babona amandla amakhulu phakathi koSirayeli, kwaye yayingumprofeti. Kwaye loo mprofeti kwakunguMoses. Kwaye babesazi ukuba xana idabi lingahambanga kakuhle, babesuka nje baphakamise izandla zakhe baziphakamisele phezulu phaya, kwaye idabi laguquka. Ke babengenalo olunjalo uhlobo, ke bazama ukuyingqamanisa nezopolitiko, notsalo lwezopolitiko. Bathumela kwelinye ilizwe kwaye baqesha umprofeti ukuba eze phesheya, ukuze babe nomprofeti, kwaye babe namandla phakathi kwabo kanye njengokuba uSirayeli babenawo phakathi kwabo.

¹⁰⁶ Uyalubona uthelekiso lwenyama? Uyalibona ibandla lenyama namhlanje? Lenze into efanayo.

¹⁰⁷ Qaphela, ngoku, bobabini bazakuba nabaprofeti. Ekuphela kokwahlukileyo yayikukuba, uMoses, umprofeti kaThixo, uKumkani wakhe yayinguThixo. Kulapho wayefumana khona imiyalelo yakhe, iLizwi leNkosi. Kwaye uBhileham, naye ngokunjalo, wayenokumkani, kwaye laa kumkani yayinguBhalaki, ukumkani wakwaMowabhi, kwaye kulapho wayefumana khona imiyalelo yakhe neentsikelelo zakhe. Ke wathi uMowabhi kuBhalaki, “Yihla uze,” okanye uBhileham, wathi, “yihla uze undiqalekisele aba bantu, kuba bagubungela bonke ubuso bomhlaba. Basuke nje bafika bakhotha yonke into nje ngenkomo ikhotha ingca.” Wathi, “Yihla uze ngoku. Kwaye ndiyaqonda ukuba unokuqalekisa, ungasikelela, nantoni na oenzayo iyaqatshelwa.”

¹⁰⁸ Ngoku, sifuna ukuqaphela ukuba le ndoda yayingumprofeti owamiselwa nguThixo, kodwa wathengisa ngobuzibulo bakhe ngenxa yezizathu zezopolitiko. Kanye njengokuba ibandla lenzileyo namhlanje, njengoLuther, uWesley, iPentekoste, nalo lonke iqela labo, babuthengisa ukuze batsale kumbutho wabo. UMoses, phantsi koThixo; UBhileham, phantsi kukaBhalaki. Ukanti, bobabini babengabaprofeti abangamadoda abizwe nguThixo, kwaye bobabini bengabomoya. Qaphela umahluko. Ngamnye wayenentloko: EkaMoses yayiguThixo, ekaBhileham yayiguBhalaki.

¹⁰⁹ Qaphela apha indlela asetyenziswa ngayo owomoya, ukungqina ukuba owemvelo akalunganga. UMoses, othunywe nguThixo, esemsebenzini, uhlangatyezwa kwaye acelwe umngeni ngomnye umprofeti kaThixo. Ungafane ucinge oko! UMoses, owabizwa nguThixo, wamiselwa nguThixo, emi emsebenzini kaThixo; wenyuka waya kweli libandayo,

elomileyo iqela, kwaye wacelwa umngeni ngomnye umprofeti kaThixo, oko uThixo wayekusikelele kwaye wakumisela. Ungawuchaza njani umahluko? Omabini anabaprofeti. UThixo wathetha kuwo omabini abaprofeti.

¹¹⁰ Kwaye abanye babo bathi, “UThixo wathi, ‘Yenza *oku*.’ UThixo wathi, ‘Yenza *okuya*.’” Ngoku, andikubuzi oko, kodwa kuphumile emgceni weLizwi likaThixo. Umprofeti, akukhathaliseki ukuba ungumprofeti, uphumile emgceni. Ke abantu abaninzi balahlekiswa ngolo hlobo. “Owu, *lo* mzalwana angakwenza *oku*, kwaye *lo* mzalwana angakwenza *okuya*,” kwaye akhanyele iLizwi?

¹¹¹ “Ndingafanelana ndithethe ngeelwimi zabantu nezengelosi, ndingafanelana ndinezibabalo, ukuba ndishenxise iintaba, nokuba ndinikelana ngempahla yam yonke ukondla amahlwempu, nangoko andinto yanto.”

“Abaninzi baya kuza kuM ngaloo mini, kwaye bathi, ‘Nkosi, Nkosi, andithanga ndaprofeta na eGameni Lakho? Andithanga, eGameni Lakho, ndakhupha iidemoni kwaye ndenza imisebenzi yamandla?’ Kwaye Ndiyakuthi kubo, ‘Mkani ukusuka, nina . . . Mkani kuM, nina benza ubugwenxa. Andizange ndanazi.’” Ukanti, beza benesivumo sokuba bakwenzile, kodwa uYesu wathi babengabenzi bobugwenxa. Buyintoni na ubugwenxa? Yinto oyaziyo ukuba umelwe kukuyenza, oko kulungile ukukwenza, ukanti awukwenzi. Yabona ukuba kuyakuba yintoni ngemihla yokugqibela?

¹¹² Yiva wonke umgca! Oko bekuyinjongo yam ngokuhlwa nje. Ndithe ndizakuphuma ngentsimbi yethoba, kodwa ndizakuba semva kancinane, mhlawumbi. Khangela, oko bekuyinjongo yam yonke, ukunibonisa lo mgca, ngeLizwi likaThixo, yabona, ukuba—ukuba uThixo umelwe kukuba aligcine iLizwi Lakhe ukuze ahlale enguThixo.

¹¹³ Ngoku, siyaqaphela ukuba bobabini aba kwakungamadoda okomoya, bobabini babengabaprofeti, bobabini babebiziwe. Kwaye uMoses, kanye emgceni womsebenzi, neNtsika yoMlilo entsha phambi kwakhe yonke imihla, uMoya kaThixo uphezu kwakhe, emgceni womsebenzi. Naku kusiza omnye umkhonzi kaThixo, obizwe nguThixo, owamisela nguThixo, umprofeti lowo iLizwi likaThixo eliza kuye. Nanku umgca oyingozi. Akukho mntu unokuphikisa ukuba lamntu ungokaThixo—kaThixo, ngokuba iBhayibhile yathi uMoya kaThixo wathetha naye, kwaye wayengumprofeti. Kodwa, uyabona, xana wafumana impendulo yenene evela kuThixo, ubengayi kuYigcina. Akazange Ayiqaphele, ngoko waya kucela uMoses umngeni.

¹¹⁴ Ngoku, uBhileham wayefuna intando kaThixo, ngentliziyo yakhe yonke. Ngoku, xana la madoda amakhulu afikayo kwaye athi, “Bhileham! uBhalaki ukumkani uthumele, ukuba uze kuye

kwangoku kwaye uqalekise aba bantu uSirayeli, ngokuba bathe saa kubo bonke ubuso bomhlaba, kwaye ngoku bamise inkampu ngokuchaseneyo nam. Kwaye bakhothe bonke ubukumkani obungqongileyo, ngaphantsi kwabo. Kwaye ngoku sifuna uze ngapha, kwaye uqalekise aba bantu. Ngokuba, ndiyaqonda ukuba uqalekisa nabanina na, uqalekisiwe.” Ngoku, uyabona, wayeyindoda yakwaThixo. “Lonto uyisikelelayo, isikelelekile.” Wayengumkhonzi kaThixo.

¹¹⁵ Kwaye uBhileham ngoku wacinga, ekubeni engumprofeti, “Kunento enye kuphela ekumele ndiyenze, kwaye kukukhangela ukuba yintoni intando kaThixo.”

¹¹⁶ Lowo ngumsebenzi womprofeti, ukuba ubizelwe ukuba ngumprofeti. Okokuqala, yintoni ekumelwe umprofeti ayenze? Kukukhangela intando, iLizwi likaThixo. Kumele akwenze. Ngokuba, ekubeni engumprofeti, iLizwi likaThixo liza kuye. Ba... Bathi, “Ke, akusosifundiswa sezenkolo.” Ayizange iBhayibhile ithi iLizwi likaThixo liza kwisifundiswa sezenkolo. Ngabo abaLonakalisayo. ILizwi liza kumprofeti kaThixo.

¹¹⁷ Kwaye apha bekunendoda ebingumprofeti kaThixo. Kwaye xana yaqeshwayo, ukuqeshwa, ukuza ngapha kwaye iqalekise abanye abantu bakaThixo, qaphela, yaya kufuna intando kaThixo. Kwaye yayifuna ukwazi intando Yakhe egqibeleleyo, kwaye uThixo wamnika intando Yakhe egqibeleleyo kumba. Intando Yakhe egqibeleleyo kwaziswa kuye. Kwakuyintoni intando Yakhe? “Musa ukuya!” Elo liLizwi likaThixo lokuqala. “Musa ukuhamba nabo. Musa ukuzama ukuhlasela abantu baM, behamba ezindleleni zaM ezigqibeleleyo.”

¹¹⁸ Kunjani oko namhlanje, funa ingxabano, kunye nengxoxo mpikiswano, nayo yonke enye into, xana bebona uMoya kaThixo usebenza phakathi kwenu. Kwaye bayazama uku, bayizamile iminyaka, ukuLigudisa. Kodwa ngakumbi bezama ukuLigudisa, kokukhona Likhula ngakumbi. Awukwazi ukuqalekisa oko uThixo akusikeleleyo. Awukwazi nje. Awunakuyenza nje.

¹¹⁹ Ke, uyabona, abo yayingabantu bakaThixo. Ngoku, laa mprofeti, nangona wayephaya phezulu kwaye eqeshwe ngukumkani, esebenza phakathi kwabantu abadumileyo, nokunjalo. Kwaye iLizwi likaThixo leza kuye. Wayefuna intando kaThixo, kwaye intado kaThixo yabuya yathetha kuye, kwaye yathi, “Musa ukuqalekisa aba bantu. Ndibasikelele.”

¹²⁰ Ngoku akukho sifundiswa senkolo phantsi kwesibhakabhaka esinokuwukhanyela lo Myalezo siwushumayelayo, kuphela lonto IiLizwi likaThixo kanye kwixesha. UThixo ungqinelwe kuyo yonke into ethethiweyo okanye eyenziweyo, Uwungqinele Wona Ukuba ulungile. Ngoku, akukho mfundisi wezakwalizwi, akukho mfundi weBhayibhile, akukho mprofeti, unokukhangela kwela Lizwi, ukuba ungumprofeti, uyakubona kwaloo nto enye. Kodwa

ukuba akaboni nto ifanayo, oko kubonisa ukuba kukho into engalunganga. Ngokuba...

¹²¹ Uthi, “Kulungile, owu, ndingayithabatha ngokuguquguquka.” Ngokunjalo noBhalaki, uBhileham. Yabona? Kodwa uThixo wamazisa uMoses.

Kwaye ke babuyintoni ubungqina? ILizwi likaThixo. Kwaye weva esicacileyo, isigqibo-esihlambulukileyo sikaThixo, “Musa ukuya. Musa ukuzama uku—ukuqalekisa lonto ndiyisikeleleyo. Abo ngabantu baM.”

Kodwa uyazi yintoni? uBhileham wayengabathandi ababantu, indawo yokuqala. Owu, yintoni i...Bangaphi ooBhileham abaphaya ehlabathini namhlanje! Wayengalithandi elaa qela, ukuqala nje.

¹²² Ngoku, emva kokuba efumene isigqibo esicocekileyo sikaThixo, “Musa ukuya,” kodwa, uyabona, endaweni yokulenza, kwakuyinto enye noKayin, njengoKora, waba nomona, kwaye wa—wayefuna uku, isizathu sokuya, nakanjani na.

¹²³ Qaphela, ikomkhulu lakhe lobuhlelo, emva kokuba ebuyile, lathi, “Hayi, andikholwa ukuba ndiza kuhla. Andikholwa ukuba ndiza kuba nayo nayiphi into yokwenza nabo. Andisayi kuphikisana nabo ababantu, kuba uThixo sele endixelele ukuba bangabantu Bakhe, kwaye andikholwa ukuba ndiyakuya.” Ukuba wayethe wahlala nako okuya!

Kodwa, emazantsi entliziyo yakhe, wayengabathandi. Yabona? Babengengabo abeqela lakhe. Kwaye nantoni na engekho kwiqela lakhe, “yayingalunganga, okokuqala nje.” Yabona? Kwaye wakhangele ezantsi kubo, wathi, “Kubekho izinto ezimbi ababantu abazenzileyo. Ngokuqinisekileyo uThixo ongewele uya kubaqalekisa abantu abanjalo. Aba—abafundanga. Abafundanga njengathi. Singabona bantu abakrelekrele. Owu, bazibangaba ukuba bakhonza uThixo, kodwa, khawubakhangele, bazintoni? Iqela la, kutheni, liqela lamakhoboka, abaxovi bodaka, abo amaYiphutha abagxothileyo ezantsi phaya. Kutheni, uThixo akanakuze abe nanto yakwenza neqela elimdaka ngolo hlobo!”

¹²⁴ Wasilela ukubona elaLiwa labethwayo nalaa nyoka yobhedu, laa Ntsika yoMlilo. Wazama ukubagweba ukusuka kwimbono yokuziphatha. Wasilela ukubona ubizo oluphezulu lukaThixo. Ngobabalo, ngonyulo, babekula mgca, kunye neLizwi likaThixo. Kwaye xana wayefuna ukubaqalekisa, wathi uThixo, “Ungayenzi. NgabaM. Bayeke. Musa ukubachukumisa.”

¹²⁵ Ngoku, ke indoda yajika, yabuyela emva. Ngoku khangela ikomkhulu lakhe lobuhlelo, nangona, xana ebuyela emva. Bathumela iqela elinempembelelo ngakumbi. Ngeli xesha babesenokuba abanye, endaweni yokuba babe ngabantu nje abaqhelekileyo, babesenokuba ngoogqirha bobungcwele

abeze ngelityeli. Isenokuba kwakungoobhishophu, okanye mhlawumbi abaveleli bombuso, kubo bonke...Wathumela i—i—iqela elingcono, kwaye i—iqela elinomncinane uchatha wempembelelo, umntu othile owayenemfundo ephucukileyo kancinane kwaye wayenokubeka icebo kuye ngcono, wayenokulenza libe nokuvakala.

¹²⁶ Yabona, yiloo nto uKayini wayenzayo; waba nezizathu. Yiloo nto uKora wayenzayo; waba nezizathu. Asinguye lowo unezizathu.

“Sikhahlela phantsi izizathu.” Siyamkholwa uThixo, akukhathaliseki nokuba ekungenye into ithini. Siyamkholwa uThixo. Asizathuzi oko uThixo akuthethayo. Awukwazi kubanezizathu ngaYo. Umelwe kukuyamkela ngokholo. Kwaye nantoni na oyaziyo, akumele ubenezizathu kwakhona. Andazi ukuba Uyenza kanjani na; Ndiyakholwa nje Uyayenza. Andazi ukuba Uyakuligcina kanjani na elaa dinga; kodwa Wathi Uyakukwenza oko. Ndiyakhukholwa. Ndiyamkela phezu kwesiseko sokuba ndiyayikholwa ukuba iliLizwi likaThixo.

Uthi, “Ke, awukwazi ukugqitha kuyo.” Andazi ukuba ndizakugqitha kanjani kuyo, kodwa Wathi, “Yitsho.”

Ndikhumbula umalusi wam waseBhaptizi wandixelela, wathi, “Kutheni, Billy, uyakushumayela kwiiipali ebandleni. Kutheni, ucinga ukuba nabani na uya kuva into elolo hlobo?”

Ndathi, “uThixo watsho njalo.”

“Uya kwenza njani, ngemfundo yodidi lwesixhenxe, uthandazele ookumkani, kwaye ushumayele ehlabathini jikelele?”

¹²⁷ Ndathi, “Andazi ukuba ndiyakuyenza kanjani na, kodwa, Watsho njalo, kwaye oko nje kundilungele ngokwaneleyo.” Yabona? “Watsho njalo. Andazi ukuba kuya kwenziwa njani.”

Wathi, “Ucinga ukuba abantu kweli hlabathi likhulu, lifundileyo oya kuma nxamnye nalo, kule ngongoma yempiliso eNgcwele nanjalo njalo, ucinga ukuba bayakukukholwa oko?”

¹²⁸ Ndathi, “Asikokwam ukwazi ukuba bayaLikholwa okanye hayi.” Ndathi, “Umsebenzi wam kukuLishumayela. Nantso into Awandixelela yona. Wathi Uyakuba nam, kwaye Undixelele into eyakuyenza.”

Kwaye yenze kanye loo nto Wathi iyakuyenza. “Kuqala, bamba izandla zabo; ngoko kuya kwenzeka ukuba uyazi nkqu nemfihlelo yentliziyo yabo.” Kwaye ndanixelela ngayo, kwaye yenzeka ngalo ndlela. Ikwenza njani? Andikayazi nangoku ukuba ikwenza njani. Asikokwam ukuba yenziwa njani; yenziwe nje.

¹²⁹ Ngubani obenokucacisa xana uThixo waxelela u-Eliya, “Nyukela phaya kwaye umise entabeni, kwaye ndiya kukondla. Ndimisele oo—oonomyayi ukuba bakondle?”

Unokusifumana njani unomyayi isilayi sesonka kunye neqhekeza—neqhekeza lentlanzi, elibhakiweyo, nokulizisa kumprofeti? Oko kungaphaya kwayo nantoni endinokuyicacisa. Andiqondi ukuba unako nawe, okanye akukho mntu unako. Kodwa Wakwenza. Koko kwakuyimfuneko kuphela. Wakwenza, kwaye oko yinyaniso yako.

Wakwenza njani, andazi; asikokwam. Kodwa Wakwenza. Wawenza njani umhlaba, andazi; kodwa Wawenza. Wamthumela njani uNyana Wakhe, andazi; kodwa Wakwenza. Wavuka njani Yena kwabafileyo, andazi; kodwa Wakwenza. UNdisindise njani? Andazi; kodwa Wakwenza. Kunjalo oko. Ukusindise njani Yena? Andinakukuxelela; kodwa Wakwenza. Undiphilise njani Yena? Andazi; kodwa Wakwenza. Uthembisile ukuba Uyakukwenza, kwaye Uyaligcina iLizwi Lakhe.

Ngoku, uBhileham kwakumele akwazi oko, kwaye wayesazi ngcono.

¹³⁰ Qaphela, eliqela linempembelelo engcono, yiza, kwaye yintoni engcono? Babenezipho ezingcono. Kwaye kungekuko kuphela oko, babenokumnika imali eninzi, kwaye babenako, bamnike isikhundla esingcono. “Ngoku, ngaphandle nje komlungiseleli oqhelekileyo embuthweni, siyakukwenza umveleli wesithili. Yabona? Ukuba, siya—siyakukwenzela into ethile ukuba nje unokugxotha elaa gquba labantu liphume phaya, yabona, kwaye ukumise okuya.” Owu, bamnika isikhundla esikhulu. Wathi, “Okukhona usisikelela...” Wathi, “Uyazi, ndinako ukukunyusela ngentla.” Khangela apho afumana amazwi akhe khona, kwintloko yesizwe.

¹³¹ Wayewafumana phi uMoses amazwi akhe? kuKumkani weZulu. Omnye wayeliLizwi likaThixo ledinga, “Ndiyakukusa kwilizwe ledinga, kwaye akukho mntu uyakuma phambi kwakho. Ndiya kuthumela oonomeva phambi kwakho kwaye babaqhube, ukusuka kwesokunene ukuya kwesokhohlo. Kwaye uya kulithabatha ilizwe. Ndikuthemb-... Sele ndikunike lona. Yiya, ulithabathe, lithimbe; lelakho.” Kwaye ngoku, yabona, nguLowo uMoses wayephulaphula kuye. Kwaye le ndoda yayiphulaphula kude kufike into entliziyweni yakhe abenomona ngayo, kwaye ke ngoko waya kwintloko yakhe yecawe. Yabona?

¹³² Qaphela, isikhundla esingcono. Wathi, “Uyazi ukuba ndinako ukukunyusela ngentla? Ndiza kukunyusela kwindawo engcono. Ndiyakukwenzela nangakumbi. Ndiya kuwunyusa umvuzo wakho. Ndiya kukunika umrholo ongcono.” Kwaye xana wamthembiso konke oku, kwam mfamekisa.

¹³³ Bangaphi ooBhileham abaphaya ehlabathini namhlanje, ukuba, ngesikhundla esingcono, ibandla elingcono, isithembiso sento ethile! Xana indoda amehlo ayo evuleka kwiLizwi kunye nemisebenzi kaThixo...Kwaye laa ndoda ilungileyo, enempebelelo, iyakuqala njengesicaka sikaThixo, kwaye

ibambe ibandla elilungileyo. Emva kwethuba, ubhaptizo loMoya oyiNgwele luziswe kuyo; ubhaptizo eGameni likaYesu luziswe kuye, esiSibhalo kwaye ekuphela kwendlela yaseSibhalweni yokubhaptiza. Kwaye xana ithe yaziswa kuye, kwaye ihlelo liyazi ukuba bayakuphulukana naye xana eqala oko, bamnika isikhundla esingcono kunye notshintsho ebandleni. Yabona, ubuBhiliyam obudala, kwakhona, kanye njengokuba kwakunjalo ekuqaleni.

¹³⁴ Ngoku, laa ndoda ifunda laa Bhayibhile, ayinakuyifunda Yona ngaphandle kokuba ibone ukuba ukuba yiNyaniso leyo. Akukho mntu wakha wabhaptizwa esebenzisa izibizo zika “Yise, uNyana, uMoya oyiNgwele.” Ngumgaqo weKatolika hayi iMfundiso yeBhayibhile. Akukho mntu eBhayibhileni wakhe wabhaptizwa, okanye kumakhulu amathathu eminyaka emva kokufa kompostile wokugqibela, kuphela oko kwabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Ibandla leKatolika lakuqala oko, kwaye bonke abanye beza kulo. Kwaye nawuphi na umlungiseleli ehleli kwigumbi lakhe lokufunda aze akhangele koko, uyazi ukuba yiNyaniso leyo, kodwa ngenxa yodumo, ukubamba isikhundla sakhe, kucingwa ngcono ngaye phakathi kwabantu, uyenzelelela.

“Ke,” uthi, “uThixo umsikelele.”

¹³⁵ Ngokuqinisekileyo, abanye babo banezibabalo zokuphilisa, abanye babo banamaphulo amakhulu. Kwaye oko kukuhla ngqo ebusweni babo, kwaye bafumana impendulo ekwanye eLizwini likaThixo onokuthi wena okanye nawuphi na omnye umntu ayifumane; UThixo akatshintshi. Yabona ukuba ndithetha ukuthini?

¹³⁶ UBhileham, ngenxa yesikhundla esingcono, wacinga. Ngoku khangela, xana elaa qela lingcono libuya, elilungile. . . UBhileham, apha, wathabatha isihloko esibaxekileyo. Yabona? Wathi. . . I—iqela elingcono labuya, wa—wayemelwe kukuthi, “Phumani kubukho bam! Ndinixelele iLizwi likaThixo. Hambani! Oku ngu ITSHO INKOSI.” Kodwa, uyabona, izipho, nokuba yindoda edume kunene!

¹³⁷ Owu, indlela abakuthanda ngayo ukuyenza! “Siza kukuthumela kwihlabathi liphela. Siza kukunika inqwelomoya ekhethekileyo. Siza kuxhasa iimihlangano yakho kuzo zonke indawo ukuba nje uyaku. . .” Owu, hayi. Uh-huh. Yabona?

Siyazi ukuba iLizwi lithini. Siyayazi into eyathethwa nguThixo. Siza kuhlala nako oko, ngoncedo lukaThixo. Yabona? Kungakhathaliseki ukuba luhlobo luni lwesithembiso, kwaye kungakanani na onokukuhlawula, kwaye kungaphi *oku*, *okuya*, okanye *okunye* unga—ungavelisa; sifuna u-ITSHO INKOSI, nento Awayithethayo *Apha* kuqala.

“Ke, ibandla lathi, ‘Oko kokwesibini.’”

Sifuna oko uThixo wakuthethayo ekuqaleni. “Kwaye nantoni na eyongeziweyo kuLo okanye esusiweyo kuLo, nkqu negama lakho liyakususwa eNewadini yoBomi; ukongeza ilizwi libelinye kuLo, okanye ukususa iLizwi libelinye kuLo.” Sifuna lonto Ayithethileyo; hayi into ethethwe libandla, into eyathethwa nguGqirha Jones, into eyathethwa ngumntu othile. Sifuna oko u-ITSHO INKOSI ayitshoyo, oko iLizwi layithethayo.

¹³⁸ Kodwa ngoku sifumana uBhileham, umkhonzi kaThixo. Kwaye amaninzi aloo madoda aqalisa, kwaye amiselwe nguThixo, kwaye ayalithetha iLizwi likaThixo kwizinto ezininzi; kodwa xana kusiza kwiNyaniso egqibeleleyo, awayi kuyenza.

¹³⁹ Qaphela apha, njengomprofeti kaThixo, kwakungamele abanjwe kwiqela elinjengeliya, ukuqala nje. Wayengamele ukuhamba nabo. Kodwa, khangela, ngenxa yodumo, yabona, ngenxa yesazela sakhe, wathi, “Ke, hlalani ubusuku bonke, kwaye ndiya kuzama kwakhona.” Yabona, “Ndiza kuzama kwakhona”? Ufunelantoni ukuzama kwakhona?

¹⁴⁰ UThixo wayesele emxelele into emakayithethe. UThixo wathi, “Baxelele ukuba awuhambi.” Elo liLizwi Lakhe lakuqala. “Andihambi. ‘Kwaye musa ukuhamba. Musa ukukuqalekisa oko Ndikusikeleleyo.’” Ngoku khangela indlela eyabuyela ngayo kuye, emva kwethuba. Yabona? Kwaye iyakuba njalo, ngalo lonke ixesha. Xana uThixo ethetha nantoni nje, Uthetha yona. Akayitshintshi ingqondo Yakhe ngayo. Uhlala kanye neLizwi Lakhe. Akukhathaliseki nokuba ubani uthini na, Uhlala kanye nela Lizwi.

¹⁴¹ Ngoku, uBhileham wayemele ukwazi ngcono. Ngewayeziyekisile kwinkampani yolo hlobo. Kodwa zonke ezazipho zilungileyo kunye nesithembiso salo kumkani, wathi, “Uyazi ukuba ndingayenza. Ndingubhishophu. Ndingenza nje nantoni na endiyifunayo, kwaye ndiya kukunyusela ngentla ukuba ungeza undenzele kona.”

Kwaye uThixo wayesele emxelele, “Musa ukukwenza.”

¹⁴² Kodwa nangoko uBhileham wathi, “Nina, nina hlalani ubusuku bonke, kwaye ndiya—ndiya kuzama kwakhona.”

Yabona, wayeneLizwi. Awumelwe kukuxambulisa ngalo kwakhona. UThixo sele watsho njalo. Neqela elinjeya, bahlala bekuthethela ukuze bakukhuphe kwintando kaThixo, ukuba uyabavumela.

¹⁴³ Kwakukho iqela elinye elaliza kuza kumprofeti, ngaxesha lithile, ogama lingu Yobhi. Babengenako ukumthethela ukuze bamkhuphe. Wabona umbono. Wayeyazi into elungileyo.

UBhileham wabona umbono, kwaye akazange ahlale naWo.

144 Akukhathaliseki nokuba amaqela webandla lakhe ayethetha kangakanani, “Owu, Yobhi, umelwe kukwenza *oku*, umelwe kukwenza *okuya*.” Kwankqu nomfazi wakhe, wathi, “Uthetha njengomntu osisidengekazi.” Yabona? “Ndiyayazi into eyathethwa yiNkosi. Ndiyayazi into Eyifunayo, kwaye yiloo nto ndiyenzileyo.” Yabona, wahlala nalonto uThixo wayemxelele yona.

145 Qaphela, uBhileham usebenzisa esi sicatshulwa siliqhinga ukwenzela isazela sakhe. Yabona? Wathi, “Ke, ndiza—ndizakufumanisa. Ndiza kuzama kwakhona.” Ngoku, kulapho uza khona, okwesibini. Bangaphi ooBhileham esinabo ngokuhlwanje, abathanda ukusebenzisa esasichatshulwa siliqhinga sikaMateyu 28:19 nje ngenxa yezazela zabo? Bangaphi abafuna ukusebenzisa uMalaki 4 ngenxa yezazela zabo? Bangaphi abafuna ukusebenzisa uLuka 17:30 nje ngenxa yesazela? Bangaphi abafuna ukusebenzisa ezi zinto, okwangoku, “Ke, ndiyanixelela, ndi—ndiyakholwa ukuba bonke baxubene Koko”?

146 Kwaye ngoko apha kwakunguBhileham ezama ukuthi, “Mhlawumbi mhlawumbi uThixo wabhideka. Ndizakuzama kwakhona, yabona, ndibone into Ayithethayo.” Ngoku, Uyayazi intliziyo yakho. Qaphela, uBhileham wasebenzisa esi sichatshulwa siliqhinga ngenxa yesazela sakhe, ngokuba, eneneni, wayefuna laa mali. Wayefuna okwakubekeka. Wayefuna okuya. Wayewufuna laa msebenzi. Wayefuna esaa sikhundla, ukuba kukhangelwe phezulu kuye, njengoGqirha *Nje-na-nje*. Ke wa—wa—wathi, “ndiza kuzama kwakhona.”

147 Owu, kooBhileham ehlabathini ngokuhlwanje, bethenjiswa izikhundla, udumo! Owu, bethu! Bazenza ndindisholo izazela zabo ngabo. Ngenxa yamahlelo wabo, bathi, “Ukuba wenza *oko*, uyaphuma. Ndiyazi ukuba uyindoda elungileyo, kwaye siyakuthanda,” kwaye uyindoda elungileyo, “siyakuthanda. Kodwa awunako ukushumayela oko. Eyethu—eyethu imfundiso ithi awunako ukukwenza oko. UGqirha *Nje-na-nje* wathi oku yindlela ekuyiyo. Ngoku umelwe kukuyikholwa ngale ndlela, ukuba uhlala nathi. Ngoku, ukuba uyafuna uku, ndiyazi ubenexesha elinzima, ke, ndiza kubona ukuba andinako ukukunyusela, mhlawumbi utshintshe amabandla.” Owu, wena Bhileham! Xana uyazi intando kaThixo, uyayenza! UThixo akazukuyitshintsha ingqondo Yakhe. Hayi.

148 Into awayenokuyidlula, iNyaniso, ukwenzela umyalelo wakhe. Wathi, “Ke, ndiza—ndiza kuzama kwakhona.” Qaphela ooBhileham abakhoyo.

149 Ke ngoku khumbula, xana esiza ngobusuku besibini, nalo mntu udumileyo, wayesele isazela sakhe singavakalelwa kwaye sindindisholo, uThixo wamyeka wahamba. Ngoku, uThixo akazange ayitshintshe ingqondo Yakhe, kodwa Wamnika

intando mvume Yakhe. “Qhubeka ngoko.” Kodwa wafumanisa ukuba ayinakusebenza.

¹⁵⁰ UThixo wayeyazi into esentliziweni kaBhileham. Nangona wayengumprofeti, Wayesazi wayebathiyile abo baqengqeleki bangcwele, kwaye yena—kwaye yena nje...yena—yena wayezakufuna ukubaqalekisa, nakanjani na. Kwaye uThixo wayesele emxelele ukuba angakwenzi, kodwa nangoko weza, wayefuna ukuyenza, kwakhona, ke uThixo wamyeka waqhubeka. UThixo wathi, “Qhubeka.” Ngoku, khumbula, Akazange ayitshintshe ingqondo Yakhe.

¹⁵¹ Qaphela, kwakungumnqweno wakhe ukubaqalekisa. Abantu awayebagqala njengababaxi, wayefuna ukubaqalekisa. Wayefuna isikhundla. Wayengafuni ukuzibhanxa ngabo, ngoko wacinga ukuba angamenzela esi senzo sincinane ukumkani, ngoko ubeya kunyuselwa. UThixo akaze ayiguqule ingqondo Yakhe okanye iLizwi Lakhe.

Kodwa Wokunika umnqweno wentliziyo yakhe, wentliziyo yakho. Wakuthembisa oko. Uyakwazi oko? Wathembisa ukukunika umnqweno wentliziyo yakho. Kwaye umnqweno wakho makube liLizwi likaThixo. Umnqweno wakho makube yintando Yakhe, kungaze kube yintando yakho. Intando Yakhe! Ukuba Yena...Umcela into ethile, Akakuniki yona, yithi, “Enkosi, Nkosi. Uyayazi okulungileyo.”

¹⁵² Khangela nkqu uKumkani uHezekiya, xana Wathumela laa mprofeti phaya phezulu kuye, uThixo wakwenza, kwaye wathi, “Beka indlu yakho ngolungelelwano. Uza kufa.”

Wabubhekisa eludongeni ubuso bakhe uHezekiya walila ngokukrakra, kwaye wathi, “Nkosi Thixo, ndi—ndiYakucela ndigqale. Ndihambe phambi Kwakho ngentliziyo egqibeleleyo. Ndifuna Undivumele ndiphile iminyaka elishumi elinesihlanu ubude.”

¹⁵³ “Kulungile.” UThixo wathetha kumprofeti, wathi, “Buyela kwaye umxelele Ndimvile.”

Wenza ntoni? Wazisa ihlazo phezu kwesizwe siphela. Waxhokonxa ingqumbo kaThixo wada wafuna ukumbulala. Kunjalo oko. Uyakwazi oko. Wakreqa kuThixo. Bekuya kuba ngcono kakhulu, ngaphandle, isizwe, ukumkani, nabo bonke, ukuba wayeqhubekile wathabatha into yokuqala kaThixo kuye.

Kodwa kwakhangeleka kunzima kumprofeti, xana umprofeti kumele abuyele emva kwaye athethe iLizwi likaThixo kuye, emva kokuba emxelele. Kodwa uThixo wathi, “Qhubeka.” Kodwa, uyabona, yazisa ihlazo.

¹⁵⁴ Wenza ntoni uBhileham? Emva kokwazi intando kaThixo, kwaye nobakunjalo wancekelela, wayezakuyenza, nakanjani na. Kwaye yenza ntoni? Qaphela. Akazange ayiguqule ingqondo Yakhe. Wayekwazi okwakusentliziweni yakhe.

¹⁵⁵ Uyazi, uTomas, ngaxesha lithile akazange ayikholwe. Hayi, wa—wathi, “Hayi, andikukholwa oko. Ukuba ndithe ndathatha isandla sam ndasifaka ephangweni Lakhe, ndisibeke ezikhonkwaneni zesandla Sakhe, ke, ngoko, ngoko ndiya—ndiyakuyikholwa ngoko.”

Wathi, “Yiza apha, Thomas. Yabona? Ngoku faka izandla zakho apha.”

Ngoku, owu, uTomas wathi ngoku, “YiNkosi yam noThixo wam.”

¹⁵⁶ Wathi, “Ewe, ubonile, kwaye ngoku uyakholwa. Wobeka phi na ke umvuzo wabo, abangazange babone noko bakholwa!”

Abantu ngamanye amaxesha abanakumamkela uMoya oyiNgcwele ngaphandle kokuba bathethe ngeelwimi. Ndiyakholwa ekuthetheni ngeelwimi, ngokuqinisekileyo. UnguThixo olungileyo; Uya kukunika umnqweno wentliziyo yakho. Kodwa akukhathaliseki nokuba uthetha kangakanani na ngeelwimi, kwaye ukhanyele eli Lizwi, awulunganga nakanjani na. Yabona? Yabona, awungeni ngokuthetha ngeelwimi. Ungena ngokugcina lonke iLizwi. Obu bubungqina boMoya oyiNgcwele, xana ukholwa iLizwi likaThixo. Yabona?

¹⁵⁷ Ndiyakholwa ekuthetheni ngeelwimi. Ndiyakholwa ungadliswa ubomi, njengokuba benditshilo ngale ntsasa, de uthethe ngolwimi olutsha. Ndinako, ngokwam, kwaye ndiyazi ukuba iyiNyaniso. Ndiyazi ukuba yinyani. Kodwa oko ayingomqondiso, wena, ukuba ungumntwana kaThixo owonyuliweyo. Yabona? Hayi, ngokwenene. Akazange watsho. . .

“Baninzi abaya kuza kuM baze bathi, ‘Nkosi, andiprofetanga na kwaye ndenza zonke ezi zinto zinkulu eGameni Lakho? Uya kuthi, ‘Mkani kuM, nina nenza ubugwenxa, Andizange ndinazi.’”

¹⁵⁸ Uthetha ngeelwimi kwaye ngoko ukwale ukubhaptizwa eGameni likaYesu Kristu? Kukho into engundonakele ndaweni ithile. Ewe, ngokwenene; nayiphi na yezo zinto, nayiphi na yalo miyalelo uThixo wayinikayo ngayo. Kukho into engalunganga. Nje khawuphicothe isazela sakho, kwaye ubone yintoni—ubone yintoni iBhayibhile eyayithethayo. Ndibonise indawo ethile apho umntu othile wabhaptizelwa egameni lo “Yise, loNyana, loMoya oyiNgcwele.” Yabona? Ayikho phaya. Kodwa, uyabona, ngamanye amaxesha ngenxa yesazela sakho, uthi, “Ke. . .”

Uthi, “UThixo uthetha kubafazi malunga nendlela abamelwe kukwenza ngayo, banganxibi ibhulukhwe ezimfutshane nezinto, kodwa, uyazi, umalusi wathi. . .” Ke bathabatha indlela elula.

¹⁵⁹ Bayayazi into uThixo awayithethayo malunga nayo Apha. Yabona? Ngokuqinisekileyo, uThixo watsho njalo.

Ke ba—ba—bafuna ukuyenza, nakanjani na, yabona. Bazama ukufumana isizathu. “Ke, ndicinga ukuba kungcono kakhulu. Ayi—ayiyi . . . Umoya awubhudli . . .” Ehe.

Kodwa uThixo wathi indoda mayinxibe ngendlela eyahlukileyo kweyomfazi. “Ukuba umfazi unxiba ingubo eyenzelwe indoda, kwakulisikizi emehlweni Akhe.” Ke ayilunganga, ewe, kwaye akumele uyenze. Hayi. Yabona? Ke, ngoko ke, ayilunganga.

¹⁶⁰ Kodwa, uyabona, bazama ukufumana isizathu, ukuba, “INkosi indixelele ukuba ndenze oku.” Anditsho ukuba Ayikhange, kodwa, khangela, asiyontando Yakhe egqibeleleyo. Kumele ukuba yintando mvume Yakhe. Uyabona ukuba iya kwenza ntoni? Iya kulingcolisa lonke igquba. Yayingcolisa yonke inkampu.

¹⁶¹ Qaphela apha, uThixo akakaze ayiguqule ingqondo Yakhe, iLizwi Lakhe. Kodwa Yena unguThixo olungileyo, kwaye Uyakukunika umnqweno wentliziyo yakho, nangona iyakube ichasene nentando Yakhe. Uyakukholwa oko?

Khangela, uThixo waxelela uMoses, “Yihla uye phaya ezantsi,” lo mprofeti uthanjisiweyo. Wathi, “Yihla uye phaya uthethe kwela liwa.” Sele libethiwe.

¹⁶² UMoses wehlela waya phaya emsindweni wakhe, wayithabatha intonga, kwaye wathi, “Nina baqhanqalazi, sinikhuphele amanzi kweli liwa?” kwaye walibetha iliwa. Amanzi akazange eze. Walibetha kwakhona; eza. Kwakuchasene nentando kaThixo. Yophula lonke icebo eBhayibhileni; uKristu kwakumelwe abethwe okwesibini. Yabona? uKristu wabethwa kwaba kanye. Yophula lonke icebo. Kodwa Wamnika intando mvume Yakhe. Ngoko, kamva, wathi, “Yabona, sinamanzi wenu. Ewe, ndinizisele wona, nina gquba ndini labaqhanqalazi!”

¹⁶³ UThixo wathi, “Yiza apha, Moses. Yiza apha. Yiza apha phezulu . . . Ube ngumkhonzi othembekileyo.” (Njengomfazi onezithende ezichophileyo, “Unyukile,” yabona.) “Khangela ngaphaya. Bona ilizwe ledinga?”

“Owu Nkosi!”

“Kodwa awuyi kuwelela. Uthabathe intando mvume yaM, ezantsi apha eLiweni. Uzizukisile wena, yabona, kwaye hayi Mna. Uzingcwalisile. Awundingcwalisanga Mna. Awuligcinanga iLizwi Lam lakuqala, lonto endakuxelela ukuba uyenze.” Nangona kunjalo, amanzi aye eza.

Ungazibeka izandla phezu kwabagulayo kwaye baphile. Ungaprofeta, okanye uthethe ngeelwimi. Kodwa, eyona nto yile, gcina iLizwi Lakhe lakuqala! uThixo akayiguquli ingqondo Yakhe, sihlobo. Umelwe kukugcina umyalelo Wakhe, intando Yakhe.

“Owu, ke, oko kwakuko kwabafundi.”

¹⁶⁴ Akaguquki. Ukuba Usenaye umfundi, ikwanguloo myalelo mnye. “Hambani niye kulo lonke ihlabathi nishumayele iVangeli. Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Ayinakuze itshintshe. Akanakutshintsha.

Ngoku, unokuthi, “Ke, ndiyanixelela, akuyiyo eyalo mhla.” Owu, maBhileham ndini! Uyabona? Yabona, uThixo akaguquki. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

¹⁶⁵ Khangela nje kumaBhileham namhlanje. “Owu, ndiyazi, eBhayibhileni babebhaptizela eGameni likaYesu, kodwa, khangela, bonke abantu. . .”

Andikhathali ukuba abantu benze ntoni na. “Alikho elinye iGama phantsi kweZulu elinikiweyo phakathi kwabantu onokusindiswa ngalo.” “Akukho kuxolelwa kwesono, kuphela ngeGama likaYesu Kristu.” Yintoni, ulunge kangakanani, yintoni oyenzayo, oko akunanto nanye yokwenza nayo. LiLizwi likaThixo lakuqala; umelwe kukuhlala nako Oko. Whew! Kulungile konke.

¹⁶⁶ “Ukuthobeka eLizwi Lakhe kulunge ngakumbi kunombingelelo.” Uyalikhumbula elaa xesha xana uSawule wabuyayo.

¹⁶⁷ UBhileham wayenesibabalo sokholo kwaye wayenokusisebenzisa kwiLizwi eligqibeleleyo, lakuqala likaThixo.

Amadoda amaninzi entsimini namhlanje, nezibabalo zokuphilisa, angenza kwaloo nto inye. Amadoda amaninzi apha phandle, abantu bathetha ngeelwimi, abantu bayaprofeta, isibabalo, bangasisebenzisela ubuKumkani bukaThixo, kodwa abakwenzi. Bayathabatha. . .Kwaye uThixo abasikelele, nakanjani na, bafumana intando mvume. Kodwa ngenxa yodumo, neziyolo, iinzuzo zobuqu, bethengise ngobuzibulo babo, njenganxa u-Esawu wenzayo, yabona, bathengiselwe umbutho. Bethengisile, njengokuba uBhileham wenzayo. Yabona?

Abaninzi namhlanje benza into efanayo. Siyazi ukuba kunjalo oko. Bathengisa ngobuzibulo babo. Huh! Abafazi ababanga uMoya oyiNgewele, benxibe iibhulukhwe ezimfutshane; amadoda ebavumela ezipulpitini, abafazi abanqothule iinwele ezipulpitini; beqabe ubuso babo, benxibe iimihunduzo yezenkolo. Esona sikhubekiso sikhulu elakha laba naso ibandla.

¹⁶⁸ Ukuba ufuna ukwazi, kumagunya wezopolitiko, liliphi ixesha kwisigaba sobukumkani, bona apho amaYuda akhoyo. Khangela ukuba amaYuda anjani na, ngokuba asisizwe. Ukuba ufuna ukwazi apho iizizwe zimi khona, khangela amaYuda.

Ukuba ufuna ukwazi apho ibandla limi khona, khangela abafazi. Khangela ukuziphatha phakathi kwabafazi, kuba

ungomele ibandla. Xana ubona ukungcoliseka phakathi kwabafazi, ufumana ukungcoliseka ebandleni. Lonto athe waba yiyo, u-Izabhele oqatyieweyo, kanye nje lonto ibandla sele liyiyo. Yabona? Ngoku, oko yinyaniso, kwaye niyakwazi oko. Yabona? Ukuba nifuna ukwazi ukuba liphi ibandla, khangelani ukuziphatha phakathi kwabafazi benu. Kuba, yena li, ibandla lingumfazi.

Ukuba ufuna ukwazi ubume besizwe, khangelana amaYuda.

¹⁶⁹ Qaphela, njengokuba uThixo wathi kuBhileham, emva kokuba esivile esiyinyaniso isigqibo esinqunywe, iLizwi, “Musa ukuya.” Ewe, emva koko Wamxelela, emva kokuba Ebone kweyakhe—kweyakhe intliziyo, oko yayizakwenza; Wamnika intando mvume Yakhe, ke Wathi, “Hamba.”

¹⁷⁰ Kwaye ungenza into efanayo. Ukuba awufuni ukuhamba eNyanisweni, unгахamba kwaye ube—ube nolungiselelo olukhulu. Ngokuqinisekileyo, unganako. Kodwa uthabatha intando mvume Yakhe. Uhamba phezu kweLizwi Lakhe. Uya kukuphumelelisa, ngokuqinisekileyo. I. . .

Kanye njengokuba Wamenzayo uBhileham. Wayenempumelelo, kodwa wayengenakubaqalekisa abo bantu. Wayengenakukwenza oko. Kuba, ngalo lonke ixesha wayeqalisa ukuqalekisa, wayesikelela. Yabona, wayengenakuyenza lonto. Kodwa xana esiza empumelelweni koko akuzuzileyo, wabafundisa abo bantu, ngoBhalaki, ukukrexeza. Wabazisa kwinkampu yamaSirayeli kwaye wabatshatisa, wathi, “Kutheni, sonke sibanye. Kutheni, ninqula kwaloo Thixo mnye. Sinomprofeti phezulu apha, kwaye ninomprofeti ezantsi phaya. Kwaye sinombingelelo ofanayo, uYehova ofanayo njengoobawo wethu. Ngoku, kutheni ningezi nje nonke kwaye nizibandakanye nathi?”

IBhayibhile yathi, “Musa ukuzimanya phakathi kwabangakholwayo. Musa ukunxulumana nabo, konke konke. Ukuba abaLikholwa, hlala kude kubo.” Yabona? “Phumani, zahluleni,” itsho iNkosi, “kwaye ndiya kunamkela.” Yabona? “Ningazichukumisa izinto zabo ezingahlambulukanga.” Kunjalo oko. Ukungcola kwabo ngokuchasene neLizwi, nezinto ezilolo hlobo, hlala kude kuzo. Musa ukuziphulaphula.

¹⁷¹ Kwaye apha sifumanisa ukuba uBhileham wehla waya phaya kwaye waqalisa ukufundisa abantu, kwaye waba nemposiso. Kwaye wa—wabaleka ngendlela kaBhileham, ukuba oko wakwenza njani, kwaye wafundisa uBhalaki, nabantwana bakaSirayeli bakrexeza. Kwaye isibetho santlitha isizwe samaSirayeli, abantu, kwaye amawaka abo afa ngamini-nye.

Kwaye ngethuba bonke bephaya, phambi kwesibingelelo sikaThixo, bethandaza, nako kusiza indoda engumSirayeli nomfazi ongumMidiyana, umfazi wehlelo, kwaye bangena ententeni. Kwaye unyana wombingeleli wahamba waya phaya,

wathabatha intshuntshe wababulala bobabini. Kwaye oko kwayimisa ingqumbo kaThixo. Uyazi eso siSibhalo. Ingaba kunjalo oko? Yabona?

¹⁷² Kodwa kwenzeka ntoni? UBhileham, wakwazi ukumenza buthathaka uSirayeli. Wenza ntoni? Wayenza buthathaka inkampu yabo. UThixo wamvumela ukuya nokuyenza buthathaka inkampu yabo, kwaye yayonakalisa yonke inkampu.

Kwaye xana ezinye imfundiso ziqalisayo, oko kungeyoNyaniso yeBhayibhile, yonakalisa inkampu iphela. Umntu othile uphakama nembono eyahlukileyo, njengoKora, kwaye athi, “Ke, oku, okuya, nokunye, kwaye ndinembono eyahlukileyo,” yonakalisa inkampu iphela. Kwaye yiloo nto eyenziwe kuyo yonke inkampu yebandla namhlanje. Kunjalo oko.

¹⁷³ Efundisa njengoko wenzayo, eyenza buthathaka yonke inkampu yaseKadeshe-bharneha, amanqam weLizwi. Xana befika eKadeshe-bharneha, ngoko, ubuthathaka benkampu. Bayabuya. Baye bahamba kanye emva . . .

Khumbula, batya ukutya kweengelosi. BabeneLizwi likaThixo, ubusuku ngabunye, libonakalalisiwe. Kwaye batya ukutya. Basela ukusuka eliweni. Benza konke, bayibona imimangaliso. Bambukela uMoses, kwaye balibona ilizwi lakhe, babona iziprofeto zakhe, yonke into.

Kwaye ekugqibeleni xana baphulaphula kulo mfundisi wobuxoki, wayena phakathi kwabo wafundisa okungalunganga, wayenza buthathaka inkampu, kwaye wanempumelelo ngayo.

Usenokuba wakha izakhiwo zezigidi zeedollar. Usenokuba wayenamahlelo amakhulu. Usenokuba wongeza amawaka aphindwe ngamawaka, kwaye wenze imisebenzi emikhulu, nemisebenzi yamandla, kwaye wayengumprofeti. Kulungile konke oko, kodwa, okoko nje ingekho ngokweLizwi likaThixo, kungcono uhlale kude kuyo.

UThixo akayiguquli ingqondo Yakhe. Hlala kanye neLizwi Lakhe, kuba nantso into eza kuphuma ekugqibeleni, iLizwi, iLizwi ngeLizwi. “Nabani na oyakususa iLizwi elinye ukusuka kuLo, okanye ongeze ilizwi libelinye kuLo!” Limelwe kukuhlala, elaa Lizwi.

¹⁷⁴ Ngoku phulaphulani ngenyameko ngoku. Xana uvavanyo lweLizwi lwafikayo, xana baya ngaphaya babona inkcaso enkulu kakhulu, eyona nkcaso enkulu kakhulu bakha bayibona, ama-Amaleki aye—ayephindwe kalishumi kunobukhulu babo. Bathi, “Sikhangeleka njengemicikwane. Iindonga zabo, okanye izixeko zabo zibiyelwe kangangokuba bade babalekise ugqatso lweenqwelo zokulwa ngeenxa zonke kulo, iinqwelo zokulwa ezimbini, ngamandla kangangoko zinganako, ukujikeleza iindonga, yabona, wezixeko zabo. Kutheni, imikhonto yabo

iphumile, mide. Kwaye baziingxilimbela. Kutheni, sikhangeleka njengemicikwane. Asinakukwenza oko.”

Kwaye amadoda amabini ema kwela Lizwi, uKalebhi noYoshuwa, bathi, “Yimani umzuzu! Nina zigidi zibini zabantu valani phezulu nje okomzuzu. Singaphezu kokuba nako ukukwenza oko. Yabona, singaphezu kokulingana nabo.”

Babesekele entwenini? uThixo wathi, “Ndininike ilizwe. Lelenu.” Kwaye phaya bema ke. Kodwa abantu babetshatiswe, phakathi kwezinye izinto, nazo zonke iintlobo zemigaqo nezithethe phakathi kwabo, kwaye babebuthathaka nje, besenzelelela, bengazi ukuba yeyiphi na indlela yokujika nokuba benze ntoni na. Kunjalo oko. Phaya kweza uvavanyo lweLizwi.

¹⁷⁵ Nangona kunjalo, Ukunika imvume yokwenza, vumela intando yakho, intando mvume, esazi ukuba... Yintoni esentliziyweni yakho, Uyayazi.

Uthi, “Ke, Mzalwana uBranham, ndenza *ukuthi-no-kuthi*. Akundikhathazi. UThixo undisikelela mihla yonke. Ndicula ndikuMoya. Ndixhentsa ndikuMoya. Ndi...” Uya kuyivumela. Qhubeka. Kunjalo oko. Kodwa yintoni oza kuyenza?

¹⁷⁶ “Ndinxiba ezimfutshane, kwaye ndenza *oku*. Akundikhathazi. Ndiyazi ukuba ukhlo lwam likuKristu, hayi kwinto endiyinxibayo.”

Kodwa, iBhayibhile yathi kukho into ethile kuyo. Yabona? Uya kwenza ntoni? Uzawukwenza ilitye lesikhubekiso, njengoko wenzayo uBhileham, ngaphambi kwabo bonke abanye abafazi. Uzakwenza ntoni kumantombazana wenu aselula? Niyakuba negquba looXengaxengayo, injalo kanye loo nto, igquba looJezebhele abaqatyweyo abancinane. Yabona?

¹⁷⁷ Kodwa uThixo uya kukuphumelelisa. “Kutheni, Uyandisikelela.” Andikuthandabuzi oko. Wamsikelela uBhileham, naye. Yabona? Ngokuqinisekileyo Uyakwenza njalo. Uhamba kwintando mvume Yakhe, kunge kwintando Yakhe egqibeleleyo. UThixo akayiguquli ingqondo Yakhe, kuba Ekusikelela.

Wamsikelela uSirayeli phandle phaya amashumi amane eminyaka. Benza ntoni? Batshata abafazi, bavusa iintsapho, banga abantwana, bahlawula izishumi zabo, bahlala kanye phandle phaya. Kwaye uThixo wabasikelela entlango, wabondla ngemana, ngokuqhubelekayo. Kwaye bonke ngabanye batshalalala, kuba abazange bayigcine eYakhe yakuqala, yokuvumela... Intando Yakhe yakuqala, iLizwi Lakhe. Bathabatha indlela Yakhe yokuvumela.

¹⁷⁸ Qhubekani, kodwa, nikhumbule, xana bayishiyayo iKadeshe, abazange basaqhubeleka nohambo ukuya phambile. Bajikeleza nje bajikeleza, entlango. Apho, ngebabephumile,

kwiintsuku ezimbini emva koko, babenokuba sezweni ledinga. Bahamba amashumi amane eminyaka, kwaye bonke ngabanye babo bafa ngaphandle koYoshuwa noKalebhi, abo bahlala kwiLizwi lakuqala.

¹⁷⁹ Owu Thixo, sincede. UThixo akayiguquli intando Yakhe. Akayiguquli ingqondo Yakhe, kodwa uyakukusikelela.

Ngokuqinisekileyo, Wamsikelela uBhileham. Wenza ntoni ezantsi phaya? Wayonakalisa inkampu iphela. Yabona, kumelwe uhlale kwinto Awayithethayo. Akazange aliguqule icebo Lakhe lakuqala.

¹⁸⁰ Ngoku khangela kooBhileham namhlanje, entsimini, ubungayenza. Nje khangela nxazonke. Ukuphumelela, ukuthetha ngeelwimi, ngokuqinisekileyo, ukusebenzisa isibabalo sikaThixo ukuzuza, yonke into, ngokuqinisekileyo. Kodwa ingcolisa lonke ibandla likaThixo ngemfundiso yabo ebolileyo. Kunjalo oko.

Omnye wathi kum, wathi, “Ukwenzela ntoni oku? Ukwenzela ntoni okuya?”

Ndathi, “Awukukholwa ukuba okuya yiNyaniso?”

¹⁸¹ “Owu, ewe. Kodwa,” wathi, “uyazi yintoni? Oko asikokwakho. Umelwe kukuthandazela abagulayo. Bakukholwa ukuba ungumprofeti. Kutheni, unokubafundisa abo bafazi indlela yoku, naloo madoda, indlela yokwenza oku, nokuya, nokunye.”

“Ungabafundisa njani i-algebra xana bengazukufunda nkqu no-ABC babo? Huh? Huh? Unokubafundisa njani ezo zinto xana bengazukuyithabatha nkqu eyokuqala yabo?” Yabona? Umelwe kukuba ubuye umva kwaye uqale apho ubuqale khona, okanye apho uyeke khona, kwaye uthabathe lonke iLizwi likaThixo.

¹⁸² Yikhangele nje kwiintsimi namhlanje. Njengokuba uBhileham watshatisa ibandla likaThixo, ihenyukazi, watshatisela ihenyukazi ebandleni likaThixo, ke banjalo naba bafundisi bobuxoki namhlanje bazama ukunixelela. Bazakutshatisa yonke le mibutho naba bantu kwihenyukazi elidala leSityhilelo 17. Imfundiso yabo kaBhileham iyajikeleza namhlanje, kwaye bathi, “Siyafana nje. Sonke singamaKristu.” Kwaye ababingeleli noopowupu, nantoni na engenye, bonke bayenzelelela besenza oku.

¹⁸³ Umshumayeli wathi... Nkqu ndazi umshumayeli womPentekoste, bebonke, baqala ngoku ukunika isonka somthendeleko esisisangqa. Oko kukuthi, *u-Ashtaroti*, yena “uthixo wenyanga,” isonka somthendeleko esilicwecwe. Yithi, “Vala amehlo akho kwaye usithabathe, ukuba senzakalisa isazela sakho.” Vala amehlo akho? Isonkana esilucwecwe elisisangqa, ithetha ukuthini? Sithabatha umzimba owaphukileyo, uYesu Kristu, owaphukileyo; ingenguye uthixo

ongqukuva wenyanga, u-Ashtoreti, uMariya owathabatha indawo yakhe. Kwaye umthendeleko waseRoma usengqukuva nangoku, uthixo wenyanga, uthixokazi, hayi uthixo. Sinesonka somthendeleko esaphukileyo, ngokuqinisekileyo. Owu!

¹⁸⁴ Ke ngoku ihenyukazi elikhulu leSityhilelo 17, aba befundisi bakaBhileham nemfundiso yabo yobuxoki, batshatisela ibandla kolo hlobo lokungcola. Khangela xana isiza kumanqam ngexesha lokungqibela, khangela ubuthathaka bayo ngoku. Amakhulu alithoba kunye nento imibutho eyahlukileyo, omnye utsalela kwenye indlela, nomnye kwenye. Akusekho kumanyana phakathi kwabo. Kwaye bazama ukuzisa umanyano; bengaxhaswanga liLizwi likaThixo, icebo lakuqala likaThixo. Bayithabatha ngezopolitiko kunye nombutho.

UTHixo akayiguquli ingqondo Yakhe. Uhlala kanye neLizwi Lakhe. Wathi, “Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM aliyi kudlula.” Kunjalo oko. Uhlala neLizwi Lakhe lakuqala. Owu, bethu!

¹⁸⁵ Nangona besenezizathu ngokuchaseneyo naLo, kanye njengokuba benzayo, kwaye nje...Kunento enye kuphela enokwenziwa. Akasayi kuLiguqula. Kholwa nje. Ngokuba, kokubini amazulu nomhlaba aya kugqitha; iLizwi Lakhe alinakuze lisilele. Yabona?

¹⁸⁶ Uyabona apho utshatela khona? Yabona ezopolitiko nezinto, indlela abazama ngayo ukuzimanya nebandla ngezopolitiko ebandleni? Asimanywanga noKristu ngezopolitiko.

Sibandakanywe kwiBandla, kuKristu, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kwaye indlela owazi ngayo ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ku kuba laa Moya ukuwe wazisa lonke iLizwi likaThixo ukuba liyiNyaniso. Kunjalo oko. “Kuba wonke ubani osukuba eyakususa iLizwi libelinye kuYo, okanye ongeze ilizwi libelinye kuYo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi.”

¹⁸⁷ Nangona kunjalo, “Uyaphumelela,” uthi. Awunako ukukholwa oko ngempumelelo. Awunako ukumgweba uThixo ngempumelelo. Ihlabathi liyaphumelela. UBhileham waba nempumelelo ngayo.

Kodwa, mzalwana, ugweba uThixo ngeLizwi Lakhe. Uyaligcina iLizwi Lakhe kwaye alazise LiyiNyaniso. Ke, khumbula, sihlobo, okoko usaphila, ungaze uyilibale le nto: uThixo akayiguquli ingqondo Yakhe. Nangoko, Uya kukusikelela. Uyakukuvumela uhambe kwintando mvume Yakhe, kodwa Akasayi kuguqula ingqondo Yakhe. Akasayi kuliguqula icebo Lakhe. Akasayi kuliguqula iLizwi Lakhe, ngenxa yakho. Hayi, mhlekazi.

Umelwe kukuguquka. Awunako ukulenza iLizwi likaThixo lihambelane namava akho; umelwe kukwenza amava akho ahambelane neLizwi likaThixo. Yabona? Yilo ndlela onayo leyo...

Uthi, “Ke, ndiyindoda elungileyo. UThixo wenza *oku, okuya, okanye okunye.*” Kodwa uyaligcina iLizwi Lakhe? “Owu, ke, ndiyakuxelela, oko akuyo nje. . . Ngoku.” Kulungile, kukho undonakele ndaweni ithile. UThixo uya. . . Ewe, Uya kukuphumelelisa. Ngokuqinisekileyo, Uyakukwenza. . .

¹⁸⁸ Amahlelo ayaphumelela kwabo bangeke babenawo! Bayazitwabalula iintente zabo, amakhulu, amabandla amahle, konke elizweni jikelele. Batyebile, kwaye imali igalelwa phakathi, namalungu akusuka kuyo yonke indawo. Ayizange iBhayibhile ithi, “Kwafunyanwa kuye ubutyebi behlabathi, kwankqu nemiphefumlo yabantu,” nayo yonke into, eyafunyanwa kweli henyukazi lidala, elingunina wayo yonke into, ezopolitiko nemibutho?

¹⁸⁹ Kodwa iqela elincinane likaThixo linguMtshakazi Wakhe, ligxile kwela Lizwi. Wanga uBawo oseZulwini othandekayo anganigcina nizinzile kanye phaya. Ungaze usuke kwela Lizwi.

Ungasikelela, unga. . . UThixo angaphilisa ogulayo wakho. Angaluphilisa usana lwakho olugulayo. Angayiphilisa indoda yakho, umfazi wakho. Angaphilisa umama wakho, nomtu othile. Usengaxhumela kuMoya Wakhe, uxhente phezulu-na-phantsi.

Khumbula, imvula inela amalungisa nabangemalungisa, nje ngokufanayo. Kodwa xana laa mbewu ilele phaya, ingabe imiselwe okanye ayimiselwanga. Kwaye ukuba imiselwe, inako. . . Ukuba yingqolowa, kumelwe ivelise ingqolowa. Ukuba iLizwi likaThixo, limelwe kukuba livelise iLizwi likaThixo. Ukuba ayinjalo, ke, ngoko asiyiyo. Yabona? Uyakufumana oko ngoku?

¹⁹⁰ INkosi inisikelele. Apha ndinixelele ukuba ndiza kuyeka ngentsimbi yethoba entloko, kwaye nantsi apho ikhoyo, amashumi amabini emizuzu kude kube yintsimbi yeshumi. Uninzi lwenu bantu, zinde iindlela ekumelwe nzihambe. Ndiyanithanda. Kwaye isizathu sokuba ndinibambe ngolu hlobo, asikokuba ndifuna ukunikhohlakalela, kodwa ndiyanithanda. Kwaye into endiyaziyo, andifihli kwanto; Ndinixelela iNyaniso.

¹⁹¹ Phandle kwiintlanganiso apho ndiya khona, anikaze nindive ndishumayela le Miyalezo. Hayi, ndanithembisa, ukuza kulo mnquba. Kanye apha kulapho ndishumayela khona iMiyalezo yam. Ndinemithathu okanye emine apha ngokuthe chatha, leyo iNkosi endinike yona, ndineZibhalo ngayo, ukuba andizukuba nabunganga bakuyishumayela naphi na kodwa kanye apha. Apha kulapho iLizwi likaThixo laqala ukusuka khona. Kwaye, ade uThixo ayiguqule, ndihlala kanye apha kwaye ndiyikhuphe kanye apha. Kunjalo oko.

Phandle phaya emihlanganweni, ndithandazela abagulayo, nayo yonke into elolohlobo; kwaye, ecaleni, thetha izinto ngendlela ejikelezayo, ukuze izimvu ziyive. Ziyayazi ukuba

ithetha ngantoni. Kungenjalo, kukudla nje okusehukwini, uyabona. Ndibonisa iimiqondiso yoku—yoku zama ukubonisa ukuba uThixo uyazi, elucalulweni, kwaye uyazazi iintliziyi zabantu, kwaye wenza ezi zinto. Eso sisibabalo sobuvangeli, nje ukuhlaziya abantu.

Into yokuqala uyazi, iteyiphu iwela ezindlwini zabo. Elo linawo, ngoko. Ukuba uyimvu, uza kanye nayo. Ukuba uyibhokhwe, ukhabela iteyiphu ngaphandle. Uh-huh. [UMzalwana uBen Bryant uthi, “Kwaye nawe, ngokunjalo.”—Mhl.] Uyabona, oku ku . . . “Kwaye nawe,” uchanile, uBen. Ukuba, oko kuchanekile kanye. UBen uye waba namava athile. Kulungile. Ke, kunjalo oko.

¹⁹² Awuvuyi ukuba ungoWakhe? Awuvuyi? Sasidla ngokucula iculo elincinane lobuPentekoste, kwixesha elide, ngolu hlobo:

Ndiyavuya kakhulu ukuba iNkosi
indikhuphile;
Ndiyavuya kakhulu ukuba iNkosi
indikhuphile;
Ukuba bekugekho ngoYesu, ngendiphi?
Ndiyavuya kakhulu ukuba iNkosi
indikhuphile.

Owu, bendivuya okoko iNkosi yandikhuphayo;
Ndibe ndivuya okoko iNkosi yandikhuphayo;
Ukuba bekungekho ngoYesu, ngendiphi?
Ndiyavuya kakhulu ukuba iNkosi
indikhuphile.

Bendikhwaza okoko iNkosi yandikhuphayo;
Bendikhwaza okoko iNkosi yandikhuphayo;
Ukuba bekungekho ngoYesu, owu, ngendiphi?
Ndiyavuya kakhulu ukuba iNkosi
indikhuphile.

Uzuko! Awuvuyi na?

Awuvuyi na . . .

Masiyiculeni.

Akuvuyiswa na kukuba iNkosi ikukhuphile?
Akuvuyiswa na kukuba iNkosi ikukhuphile?
Ukuba bekungekho ngoYesu, owu, ngendiphi?
Ndiyavuya kakhulu kuba iNkosi
yandikhuphayo.

Ke, okoko bendicula kususela iNkosi
indikhuphile;
Ndibe ndicula kususela iNkosi indikhuphile;
Ukuba bekungekho ngoYesu, owu, ngendiphi?
Ndiyavuya kakhulu ukuba iNkosi
yandikhuphayo.

Akuvuyi na ngayo? Ngoko *Siyakuhamba Ekukhanyeni*.
Niyalazi elaa culo?

Siyakuhamba ekuKhanyeni, kukuKhanya
okuhle,
Kuza apho amathontsi ombethe wenceba
aqaqambileyo;
Kukhanyisa ngeenxa zonke kuthi emini
nasebusuku,
Owu, uYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Ingaba anikuthandi oko? Masiliculeni kwakhona.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, kukuKhanya
okuhle,
Kuza apho amathontsi ombethe wenceba
aqaqambileyo;
Kukhanyisa ngeenxa zonke kuthi emini
nasebusuku,
Owu, uYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Kuphuma ilanga!

Nonke nina bangwele bokuKhanya
bhengezani,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi;
Inyaniso nenceba eGameni Lakhe,
UYesu, ukuKhanya kwe . . .

Ngoku masiphakamiseni izandla zethu xana silicula.

Owu, siyakuhamba koku kuKhanya,
KukuKhanya okuhle kakhulu,
Kuza apho amathontsi ombethe wenceba
aqaqambileyo;
Kukhanyisa ngeenxa zonke kuthi emini
nasebusuku,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Xhawula omnye komnye isandla.

Owu, Kuza apho amathontsi ombethe wenceba
aqaqambileyo.

Anivuyiswa na kukuba ningabantwana bokuKhanya?
UNyana uphezulu.

. . . ngeenxa zonke kuthi emini nasebusuku,

“Bantwanana, thandanani.”

Owu, siyakuhamba nje ekuKhanyeni, kuhle
Kakhulu . . . (Ukubonakalaliswa kweLizwi
Lakhe.)
Kuza apho amathontsi ombethe wenceba
aqaqambileyo,
Kukhanyisa nje ngeenxa zonke kuthi emini
nasebusuku,

NguYesu, ukuKhanya kweLizwi.

Nonke niyakholwa?

Siyamatsha sisiya eZiyon,
Entle, entle iZiyoni;
Simatsha siyuka sisiya eZiyoni,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Owu, simatsha sisiya eZiyon,
Mabathi abo balayo ukucula
Abangazange bamazi uThixo wethu;
Kodwa abantwana boKumkani weZulu,
Kwaye kuphela abantwana boKumkani
weZulu,

Kwaye mabathethe uvuyo lwabo ngobubanzi,
Banga bangathetha uvuyo lwabo ngobubanzi.

Kuba siyamatsha . . . (Uzuko!)

Entle, entle iZiyoni;
Owu, simatsha sinyuka sisiya eZiyoni,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Owu, simatsha sisiya eZiyon,
Owu, entle, entle iZiyoni;
Simatsha sinyuka sisiya eZiyoni,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

¹⁹³ Khuphani itshefu zenu. Khuphani iitshefu zenu, umzuzu nje. Masinikelele iNkosi umnikelo wotshangatshangiso. Ayisosithungu, kodwa bathabatha emzimbeni kaPawulos iitshefu nezinto, yabona.

Owu, simatsha sisiya eZiyon,
Owu, entle, entle iZiyoni;
Simatsha sinyuka sisiya eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Owu, simatsha sisiya eZiyon,
Owu, entle, entle iZiyoni;
Simatsha sinyuka sisiya eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

¹⁹⁴ Amen! Owu, ayikwenzi uzive kamnandi? Ndiyabacinga nje abo bangwele bakudala emva phaya, ngaphambi kokuya kwisekisi yaseRoma phaya, beqalisa ukuhamba benyuka laa nduli, uyazi, phezulu kwelaa thambeka lincinane, benyuka besiya emhadini weengonyama, besithi:

Owu, simatsha sisiya eZiyoni,
Le entle, entle iZiyoni;
Simatsha sinyuka sisiya eZiyon,
Eso Sixeko sihle sikaThixo.

Amasimi aseZiyoni avelisa
Iwaka leelekele ezingwele

Ngaphambi kokuba sifikelele kwiTrone
 yeZulwini,
 Ngaphambi kokuba sifikelele kwiTrone
 yeZulwini,
 Okanye sihambe kwizitalato zegolide,
 Okanye sihambe kwizitalato zegolide.
 Singxisha sisiya eZiyoni,
 Entle, entle iZiyoni;
 Simatsha sinyuka sisiya eZiyon,
 Eso Sixeko sihle sikaThixo.

195 Phindani emveni kwam:

Nkosi Thixo, ndiyazibhambathisa ngokutsha kuWe. Ndihlambulule kuko konke ukungalingisi. Ndihlambulule kuko konke ukuthandabuza eLizwini Lakho. Mandithi, ukusuka kule Pasika, ndibe sisidalwa esitsha kuKristu Yesu. Mandithwale, entliziyweni yam, iLizwi Lakho. Kwanga Lingaba siSibane ezinyaweni zam esiya kundikhanyisela indlela yam. Ukususela ngoku ndiya kuKulandela. EGameni likaYesu. Amen.

Simatsha sisiya eZiyon,
 Owu, entle, entle iZiyoni;
 Simatsha sinyuka sisiya eZiyon,
 Eso Sixeko sihle sikaThixo.

196 Ingaba oko akukwenzi uzive kamnandi? 18 Siphinde sazinikela ngokutsha, sisazi ukuba ezintliziyweni zethu sidliswe ubomi ukusuka kwabafuleyo, senziwe saphila. Ingaba ayikwenzi uzive kamnandi? Bethu, owu, bethu! Ndiyanithanda, ngothando olungafiyo.

Phulaphulani. “Thandanani. Kuba awunako ukungamthandi umzalwana wakho, ombonayo, kwaye uthi uyamthanda uThixo, Ongambonanga.” Yabona? Ke thandanani nje.

Ngoko, xana nikhonzana, nikhonza uThixo. Ingaba kunjalo oko? “Njengoko nisenza kwaba bancinane banaMandla adlisa ubomi kubo, nikwenze kuM.”

“Sakubona nini Uswele? SaKundwendwela nini na entolongweni? Sizenze nini ezi zinto?”

“Lonto niyenze kubo, niyenze kuM.”

197 Ingaba akumangalisi oko? NdiyaMthanda, aninjalo nina?

198 Owu, kukho elinye iculo kwakhona ekufuneka silicule, ukuba nje unomzuzu othe chatha ixesha. Owu, ke, siza kubathabatha nje. Kulungile. Kulungile, mhlekazi. Owu! *Thabathela IGama LikaYesu Kuwe*. Ningakulibali oko, zihlobo. Masiyiculeni sonke ngoku. Ngamnye, kunye ngoku, nje ngentliziyo enye enkulu, lithabathele kuYe. Makhe, ngako konke esinako ngaphakathi kwethu.

Thabatha iGama likaYesu nawe,
 Umntwana wenkxwaleko nosizi;
 Liya kukuvuyisa kwaye likuthuthuzele,
 Lithabathe Lona naphi na apho uya khona.

IGama eliThandekayo, Owu limnandi
 kangakanani!

Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;

IGama eliThandekayo, Owu limnandi
 kangakanani!

Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

¹⁹⁹ Khumbulani ngoku, ndithandaziseni xana imimoya eshushu yentshutshiso ivuthuza, xana iidemoni macala onke zicela umngeni, Ndiyakukhumbula ukuba niyandithandazela ubusuku okanye imini, kwaye ndiyakube ndinithandazela.

Yimani ngakumalusi wenu olungileyo, uMzalwana uNeville, kunye nesinxulumani, uMzalwana uCapps. Baphulaphuleni. Baya kunifundisa iLizwi loBomi. Ndiyakukholwa oko. Ukuba bendingakukholwa oko, ngokuqinisekileyo bedingenakuba nabo apha. Ngokuqinisekileyo bedingenakuyenza. Ndiyakhohwa ukuba bayawukholwa uMyalezo, kwaye bahlala nawo ngokokwazi kwabo okungcono, kwaye ndinokholo kuwo omabini la madoda. Hlalani nawo. Aba abanye abazalwana, jikelele apho banemihlangano yabo, abo bemi apha ngokuhlwanje, ukuba nikwindawo yabo yasekuhlaleni, yimani ngakubo. Nivile ukuba bebezele ntoni apha, ngokuhlwanje.

Thabatha iGama likaYesu nawe,
 Njengekhaka kuzo zonke izibatha;
 (Phulaphulani koku.)

Xana iizihendo zikurhagqa,
 Phefumla nje elo Gama liNgcwele
 emthandazweni.

IGama eliThandekayo, (iGama
 eliThandekayo!) Owu limnandi
 kangakanani! (Owu limnandi!)

Ithemba lo . . .

Thixo oThandekayo, philisa aba bantu. NdiyaKuthandaza, Bawo, eGameni likaYesu. Siphe oko, Nkosi, ndiyathandaza.

. . . Owu limnandi kangakanani!

Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Side sihlangane! side sihlangane!

Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu;

Side sihlangane! side sihlangane!

UThixo abe nani side sihlangane kwakhona.

Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

[UMzalwana uBranham ungqumshela *uThixo Makabe Nawe*—Mhl.] Owu Thixo, yiba nathi. Sincede, Nkosi.


...sihlangane ezinyaweni zikaYesu! (Side
sihlangane!)

Side sihlangane! side sihlangane!

UThixo abe nani side sihlangane kwakhona.

²⁰⁰ Lowo ngumthandazo wam ngokwenene. Side sihlangane kwakhona, uThixo anisikelele! Kwaye ngoku ndiza kucela uMzalwana wethu othandekayo uNeville ukuba unokundulula eli bandla lihle.

UThixo uyanithanda, mntu ngamnye. Ndinombulelo kakhulu ngokuba nabantu abafana nani nonke. Ubuya kuba yintoni uMyalezo wam ukuba bendingenamntu Uwukholwayo? Kwaye kukho abantu apha, ningawufela Wona, ngenxa yalo Myalezo sinawo. Wanga uThixo anganinceda, ngamnye. Imithandazo yam inani. Iintsikelelo zam zihambe nomntu ngamnye kuni. Kwanga ningangalibali ukuba nani niyinxalenye kolwa vuko. Amandla adlisa ubomi ngoku akuni. Konke kuzinzile. Ungumntwana kaThixo.

Masithobiseni iintloko zethu, ade uMzalwana uNeville andulule. Kwaye uThixo anisikelele. 

65-0418E Ingaba Uthixo Ukhe Ayiguqule
Ingqondo Yakhe Ngelizwi Lakhe?
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org